


# MASIBONE UTHIXO

 Hlalani. Ndiyaxolisa ngokuba ndikwenzile okuya, Mzalwana uBorders, kodwa bekukho ingxaki engxamisekileyo kanye phandle phaya, ebesifa ngumhlaza, kwaye nje kuye kwafuneka ndiye kuyo. Nje...Ndiyayazi uyakundixolela ngokuya. Ke, yonke ilungile. Ndikuthiyile ukufika emva kwexesha. Ndibe ndilindile nje okwethutyana, kunye nokudibana nabahlobo abathile, kuze emva koko ndize kule ngxaki esandula kuziswa, embi kakhulu, kakhulu, ke kufuneke ndiye kuyo kwamsinyane.

<sup>2</sup> Andiyazi nje indlela emandiqale ngayo, ngale mva kwemini. Bendicinga endleleni ngapha, “Yintoni endiyakuyitsho kwi—sihlwelwe sabantu nje ngaba?” Lona ibe ngumhlangano ophawulekayo obalulekileyo kum. Kwaye andikutsho okuya nje kuba ndiphambi kwenu. Ndikutsho ngokuba kusuka entliziyweni yam. Kwaye ndifuna ngamnye waba balungiseleli bazi ukuba ndiwubalela lona omnye wemikhulu yemihlangano yam endakhe ndanayo. Injalo lonto. Ngenxa yentle intsebenziswano yenu kukubalaseka kwayo. Ndibonile amaxesha xa kwaku...Ndibe nokuninzi kwisihlwelwe, abaninzi abazileyo, kodwa andizange ndabona umhlangano endakhe ndanawo ebomini bam omnandi ngaphezulu kobudlelwana kunobo endithe ndanabo phakathi kwenu bazalwana. UThixo anisikelele. Ndiyathemba amabandla enu ayakukhula kwaye ande kude kungabikho siphelo kuwo. Ndiyathandaza ukuba UThixo uyakunigcina kulungiselelo ade Abuye. Lowo ngumthandazo wam onyanisekileyo ngani. Kwaye ndi—ndibe sekulinganeni xa ndandinabangaphezulu abalungiseleli kwintsebenziswano, nje ngaxesha lithile e-Afrika, Indiya, ngolwa hlobo, xa sasiyakuba naliqela amakhulu kwibhodi. Kodwa zange kubekho elinjeya ixesha, kukhangeleka, ngasemva kwam, intliziyo enye nomxhelo omnye. Oko ngenene kuyamangalisa. Ndiyakuncoma oku, bazalwana. Kwaye ngokuqinisekileyo, nantoni na endinokunenzela yona, khumbulani nje ndingumzalwana wenu. Ubusuku abubimnyama, imvula ayiyi kuna ngamandla, yabona, ndiyakwenza nantoni na endinakho ukuninceda nibhekisele phambili leVangeli inkulu okanye ndinenzele into ethile. UThixo abe soloko enani!

<sup>3</sup> Ndifuna ukuthi kananjalo, kumzalwana wam omncinci apha, uRoy Borders, ndisandula kumazi uMzalwana uBorders ixesha elifutshana. Ndabe ndisoloko ndifuna ukufumana umntu othile oyakundenzela imihlangano. Umzalwana uRoy ukhangeleka ebethe ngqo endaweni. Akangomlungiseleli. Ngusomashishini. Ndimvumele enze emibini okanye emithathu

imihlangano, nje ukubona oko ayakukuwenza, kwaye oko ziziphumo: umxhelo omnye. Kwaye ngokusesiqhelweni ukuba umlungiseleli uyeza ukuzokwenzela imihlangano, ke, kwasoloko kukho umlungisiseleli onento yimbi engenye, kwaye unemfundiso okanye—okanye into engenye athi—athi afune ukuyizisa. Kwaye angene phakathi kwegquba labalungiseleli aze azise imfundiso, ngoko—ngoko usengxakini. Yabona? Ke, kungcono indoda hayi umlungiseleli.

<sup>4</sup> Kakade, ukungena, umntu othile undibuzile, wathi, “Mzalwana uBranham, ingaba ungu Yesu Yedwa, ungoka Yesu Yedwa?”

<sup>5</sup> Ndathi, “Ngokuqinisekileyo hayi.”

<sup>6</sup> Waza wathi, “Umntu othile uthe wena akukholelwa ekuthetheni izilwimi.”

<sup>7</sup> Ndathi, “Abandazi kakuhle, yilonto yonke. Ngokuqinisekileyo, ndinjalo.”

<sup>8</sup> Ngoku, kwaye uMzalwana uBorders ngokuqinisekileyo linene lomKristu, wenze umsebenzi omhle kakhulu. Kwaye ngokuqinisekileyo ndiyambulela uMzalwana uBorders ngokundimema. Ube neentsizi ezininzi, iingxaki ezininzi, kodwa yena we—wenze umsebenzi omhle. UThixo amsikelele uMzalwana uBorders, ngumthandazo wam onyanisekileyo.

<sup>9</sup> UMzalwana uWagner, ndicinga uluhlobo lukasihlalo-ngaphambili, ndiyakholwa. Ungulowo bendisoloko ndidibana naye, wekomiti. Umsebenzi omangalisayo, njengohlobo awanze ngalo ngelinye ixesha, mhle. Undimemele endlwini ukuba ndibe kunye naye, sihlale endlwini yakhe. Ngokuqinisekileyo bendifuna kakubi ukukwenza oko, bendingaphantse nje ndibenakho ukuyiva ngokuvakwalelwa. Ndafuneka ukuba ndisale ngokuba ndacinga mhlawumbi, kunye nobo budlelwana bumangalisayo, ndingathanda ukuza kuni ngabanye kumakhaya enu, yabona, njengokubona ngamnye wenu. Kwaye be—bendiyihloniphile imvakalelo yakho, kwaye ndiqinisekile uMzalwana uWagner uyaqonda nje indlela ebe iyiyo, uyabona. Okokuba ndi... ukuba ndiya kwekaMzalwana uWagner, bendiyakufuna ukuya kuye ngamnye wenu ngolwahlobo. Ukuba andikwenzi oku, uMzalwana uWagner, ngenye imini kwelinye icala, nje kwelinye icala, ndifuna iwaka leminyaka, ngokwahlukana, kunye ngamnye wenu. Ke siyakuba nexesha elimangalisayo ngaPhaya!

<sup>10</sup> UMzalwana uToy, ngokuqinisekileyo yena, yena nje... andiboni indlela azenza ngayo izinto ezininzi ngaxeshanye, kodwa unakho ukufumana okuninzi kwenzeke. Ndimbonile ngenye imini kwiSidlo sakusasa saMadoda, indlela ebethatha ngayo indawo yomshumayeli, idikoni, umgcini-sango, Kwaye nantoni na ngaphezulu ezayo, kwaye wayezama ukuyenza yonke. Uyayithanda iNkosi. Ndibe nenyhweba yokudibana nomfazi

wakhe, nokubona intombi yakhe ethandekayo kunye nomnyeni wayo becula. Ngokuqinisekileyo ibikhuthaza. Ndiye nje ndathi kutsho kuye, kwimizuzu embalwa egqithileyo, “Akudingeki ukuba babe sekhaya, besebenza umsebenzi oqhelekileyo. Bafanele baphume babesedlelweni lobuvangeli ndaweni ithile, kunye nezipho ezinkulu njengeziya.”

<sup>11</sup> Yabona, ngamnye unazo, ndiyathemba andishiya namnye ngaphandle. Inenekazi elidlala ipiyano, abaculi, iikwayara, kwaye bonke ababekho, ngokuqinisekileyo ndiyabancoma ngentliziyo yam yonke.

<sup>12</sup> Kwaye amakhwenkwe apha, uGene noLeo banqwenele ukuvakalisa iimvakalelo zabo kuni, kananjalo, Ngokuthenga iiteyiphu kunye neencwadi, kunye nenxaxheba ekuye kwafuneka bayenze. Ndiye nje ndadibana nabo emnyango, kwimizuzu embalwa egqithileyo, kwaye ndibaxelele ndiyakuvakalisa iimvakalelo zabo kuni bantu. Ngokuqinisekileyo bancoma yonke into eniyenzileyo ekubancedeni kunye nentshukumo enkulu kaThixo.

<sup>13</sup> Kwaye ngoku oku kuphuma kum, unyana wam, umfazi wam, kunye nomolokazana wam, kunye nabo bonke. Abaninzi, umntu othile ebessithi, “Ngubani uDade Branham?” Leyo yeyona ntombi ineentloni endakhe ndayibna kubomi bam bonke. Owu, bethu!

<sup>14</sup> UMzawalna u-Art Wilson, ndiqinisekile nonke niyamazi. Ndiyakholwa yayingumzalwana. . . Hayi, yayinguMzalwana Jewel Rose, ngobunye ubusuku, wathi, “Siyakuba noDade uBranham enyuke eze eqongeni,” kwaye waphantse ukuhlaselwa yintliziyo. Yena nje. . . Yena unentloni ngenene.

<sup>15</sup> Sthandwa, ukuba akuyi kufa siqaqa, ungema nje umzuzu, ukuze umntu othile abone enjani ukulunga intombi endiyitshatayo. Kulungile. [IBandla liyancoma—Mhl.] Umolokazana wam, umfazi kaBilly, uLoyce, ungema, Sis, nje umzuzu. Lowo ngumfazi kaBilly, [IBandla liyancoma] kunye nomolokaza wam.

<sup>16</sup> Abaninzi benu bavile ngoJoseph. Aninjalo? Abantu base Afrika bamthumela idyasana encinci yemibala emininzi. Ndambona kwiminyaka emithandathu ngaphambi kokuba afike, xa ugqirha wathi asisokuze sibe nolunye usana, sasingakwazi ukuba nalo. Abantwana bethu kwafanele babe ngabesikera. Umama wam, abantu bomfazi wam bangala ndlela, iintsana zabo zonke zezesikera. Kwaye iNkosi yandixelela ukuba ndandizakuba nalo olusana, xa ugqirha wathi ayinakwenziwa, wathi nje ayinakwenziwa. Ndathi, “Iyakwenziwa, nakanjani.” Kwaye salinda iminyaka emine, emva kombono weza wokuba ndiyakuba nenkwenkwe, kwaye ndifanele “ndiyibize igama layo ‘Joseph.’”

17 Kwaye, emva koko, kwabakho enye intombi yazalwa. Wonke umntu wandihleka, wathi, “Ubuthetha ‘uJosephine.’”

18 Ndathi, “Hayi. Bendithetha ‘uJoseph,’ njengenkwenkwe.” Mhlawumbi uyakuthabatha indawo yam xa ndimkile, ukuba uYesu ulibazisile. Kwaye emine iminyaka ngaphezulu; emva koko ugqirha wayeqinisekile akusayi kubakho omnye; iminyaka emine ngaphezulu, uJoseph wafika.

19 Ndiyamangala, mama, ukuba akunakumphakamisela phezulu nje ithutyana. Ndifuna babone oko . . . Inkwenkwe sele ingumoya wobuprofeti kuyo. Kwaye yona . . . Yima nje ithutyana, Joseph. Nankuya. Kulungile. [IBandla liyancoma—Mhl.] Ufana nonina, unentloni.

20 Ndiyakunixelesa okwenzekayo. Sasimkile . . . Uneminyaka emine ubudala ngoku. Kodwa xa wayenesithathu, sasimkile. Waza wathi, “Tata?”

Ndaza ndathi, “Ewe, sthandwa.”

21 Wathi, “UDavid. . .” Leyo yinkwenkwe eyayikhubazekile, kwaye yaphiliswa, unyana kaMnu. Wood ohlala ebumelwaneni kuthi. Wathi, “Ndandi . . . ndimbonile enengozi kwisithuthuthu.” Akanaso kwa isithuthuthu. “Kwaye yonzakalisa umlenze wakhe, yakrazula iimpahla zakhe kwicala langasekunene.”

Ndathi, “Kwakuphi okuya, sthandwa?”

22 Wathi, “Ezantsi kwidledlana apho sihlala khona.” Kwaye iintsuku ezintathu kamva, inkwenkwe yeza isuka eKentucky, ikhwelwe isithuthuthu, kwaye uDavid wehla ngendledlana wenzakalisa icala lakhe langasekunene kwaye wakrazula iimpahla zakhe, kanye njengokuyibona kwakhe uJoseph.

23 Xa ndamnikezelayo eNkosini, intsasa, kwakukho ezininzi iintsana zimile, kwaye zinoonina kunye nazo esiguqweni. Xa ndafunqulela uJoseph ezingalweni zam, ndingacingi ngoko ndandikutsho, ndathi, “Joseph, nyana wam, wena ungumprofeti.” Lowo ngumthandazo wam, kakade, kwaye ndiyakholwa iyakubanjalo, okokuba, uThixo uyakuthabatha yonke into Awakhe wandinika yona, aze ayiphindaphinde amatyeli aphindiweyo, aze ayibeke kulankwenkwe, ngoko xa ndisimka iyakuthabatha indawo yam.

24 UBilly ibe esisihlobo sam. Ndimkhulisile; unina wasweleka xa wayeneshumi nje elinesibhozo leenyanga ubudala; kwaye ndibe ndinguyise nonina, kuye. Kodwa ukhangeleka ngokungathi akanabizo lokuba ngumshumayeli. Unentloni, usemva, kunye nanjalo njalo, konke okuninzi okufana nonina, intloni. Kodwa ube engumncedi omkhulu kum emhlanganweni, kuba ndiye ndamthemba, ndamthabathela phaya ndamnika umsebenzi onoxanduva. Yabona, la msebenzi wamakhadi okuthandazelwa ngumsebenzi onoxanduva. Umntu othile ufumana lawa aze athi. . . Indoda ngelinye ixesha

yathi, “Ndiyakukunika amashumi amahlanu eedola ukuba ungafaka umfazi wam eqongeni.” Bekunokuthini ukuba oko bekunokwenzeka? Ngoko ebeyakuthini uMoya oyiNgcwele? UBilly wazi kakuhle kakhulu ukwazi ukuba angaze akuzame okuya. Ubeya kuyazi ukuba bendiyakufumanisa kwangoko nje efika eqongeni, ke, iNkosi, ibiyakuyityhila. Yilonto yena—yena angasokuze ayenze, ke ngoko sonke sinombulelo kuwe.

<sup>25</sup> Kwaye ngoko kumgcini-ndawo, inene elithe lasinceda esangweni phaya, Kwaye ndicinga uluhlobo lomgcini-ndawo apha, okanye into ethile, okanye unogada esangweni. Kubo bonke abantu abasivumeleyo sifumane eliholo lemidlalo, andinakuthi “enkosi” ngokwaneleyo. Ndiyincoma ngokuqinisekileyo, kunye nako konke okukwindlela yonke, nayo yonke into eyenziweyo.

<sup>26</sup> Ngoku bandixelele, uMzalwana uBorders, kwixesha eligqithileyo, ukuba bandithabathele umnikelo wothando. Ndiyakuncoma oko, kwaye ngentliziyo yam yonke. Ndiyakuwusebenzisa, kokungcono ukwazi kwam, ukwenzela uBukumkani bukaThixo. Ngoku, asikuko esikugcina apha okuthethayo, koko sikuthumelayo. Kwaye ndiqinisekile ukuba uThixo uyafaka oko kuvimba wenu eBukumkanini obuzayo.

<sup>27</sup> Ngoku, andinankqubo kanomathotholo. Andinanto yakuthengisa. Kodwa ukuba niyakuze nifune enye yezi tshefu okanye into ethile emayithandazelwe, ndibhaleleni eJeffersonville, Indiana, Post Office Box 325. Iyakulungiselelwa, ngokukhethekileyo, ize ithunyelwe emva kuni. Kwaye ndiyakholwa kolalungiselelo. Kwaye ngoko ukuba wakhe wanqwenela ukunditsalela, Butler 2-1519 ndifumane eJeffersonville, Indiana. [Inombolo yemfonomfono iguquliwe.—Mhl.] Ke, okanye ukuba nicinga ngokuya, ndibuzeni nje eJeffersonville, bayakutsala umnxeba. Ngoku, andikwenzeli oku ukuze ndifumana idilesi yakho, ngokuba ndibe nexesha elinzima ukufumana umntu othile ukuba andiphendulele iileta, kunye nanjalo njalo. Kwaye ngoku andikho kangako. . . Konke kulungile, ndiyakholelwa kwezi nkqubo. Yonke into ezakunceda uThixo, mayenzeke.

<sup>28</sup> Kodwa, wena uyayazi, ndiziva ngolu hlobo, okokuba ilungu lebandla, imbophelelo yalo yokuqala yile, ngezishumi salo kunye neminikelo, kukuxhasa ibandla labo. Ukuba ulilungu lala mabandla alungileyo amelweyo apha, xhasa ibandla lakho. Olo luxanduva lwakho lokuqala kuThixo. “Zisani isishumi neminikelo endlwini yobuncwane.” Kwaye indlu yobuncwane ngokuqinisekileyo niyazi ukuba yayiyintoni, kulapho nifumana khona ukudla kwenu. Ke, kulapho nifumana khona ukudla kwenu komoya, kwaye imbophelelo yenu isebandleni lenu hayi kumvangeli onjengam.

<sup>29</sup> Ithatyathelwa ndaweni thile kunye emihlanganweni xa sinemikhankaso enjengale, apho unokuthile kubekwe ecaleni ukunceda ukuwuxhasa, oko kukhathalela mna. Kwaye ndiyanibulela kakhulu. Kwaye lonke ixesha, amalaphu okuthandazelwa okanye nantoni enjengaleya, iyeyesimahla ngokwenene. Akukho nto kuyo konke konke, asi . . .

<sup>30</sup> Kwaye iincwadi zethu, nanjalo njalo, siyazithengisa, zona zi . . . Kufanela sizithenge zona, amashumi amane eepesenti ngaphantsi kunoko sizifumana ngazo, kuze emva koko si . . . oku ku, ngokuya, ufumana omninzi umonakalo kuzo, kwaye ixabiso lokuhambisa ngaphandle kokuya, emva koko kufuneka uzitsalele apha uze emva koko uzithengise. Kutheni, ubungenakubanakho, ubungenakho ukuqhekeza kwa nkqu nazo ukuba bekufuneka uyenze, yabona. Kodwa siyakwenza nje ngenxa yokuba oko kukwenza uMyalezo ufike kuni, ukuzama ukwenzela nina ninnedakale, ngokwenu; kwaye emva koko uxelele omnye umntu, uze ugqithise kubo. Leyo yilonto ezi zizinto zikokwayo, akunjalo? Ubukomanisi bukhupha iincwadi zabo kunye nezinto zokufunda, simahla, ngokuba zilulawulo olukhulu. Ndingumntu nje omnye. Ndingwenela bendinakho, ndinemali nje ukuthi “zonke iincwadi nayo yonke into, isimahla,” bendiyakuyenza. Kodwa andinakho ukuyenza, kufanele ndibe nento ethile yokubuyela emva kwakhona ndize ndivelise ezinye ngaphezulu, okanye—okanye ndithenge ezinye ngaphezulu.

<sup>31</sup> INkosi inisikelele. Kwaye niyakundithandazela, aniyi kwenza njalo? Kwaye xa ndiphesheya kweelwandle, kunye nakwezondawo zimnyama apho amagqwirha amileyo kwisandla ngasinye, akucele umngeni kuyo yonke into oyitshoyo, amaxesha abanzima, imimoya eshushu yentshutshiso iyabhudla, ndinganibeka eluhlwini, okanye nina nindibeke eluhlwini lwenu, Kwaye ndiyakhumbula xa kufuneka ndihlangane nala mceli mngeni wamagqwirha namadimoni, kunye nezinto phandle phaya ethafeni, ndingatsho, “ISan Jose iyandithandazela”? Niyakuyenza, niyakukwenza okuya? Phakamisa isandla sakho ukuba uyakuyenza, nithi, “Ndiyakukuthandaza.” Enkosi. Enkosi, bazalwana bam. Enkosi. Ndiza phakathi kwenu, ukuze ndibe ngumzalwana wenu, kunye nokuzisa . . . ukunceda ukuzisa uxolo noKristu, yonke into elungileyo kuni. Ndithandazeleni. Ukuba ndishiyelele ngaphandle nabani na, ndixoleleni, andijolisanga kukwenza. Kodwa ngokunyaniseka okukhulu “enkosi,” kwaye iintsikelelo zikaThixo kuni ngamnye.

<sup>32</sup> Kufuneka sigoduke ngoku, kwamsinya. Ndinamalunga nomhlangano weentsuku ezintathu phaya kwibandla lam elincinci, ukubafundisa bona ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ukuthetha ngeelwimi, imiqondiso nezimanga zilandela

amakholwa, kunye nanjalo njalo; yabantu abakhona phaya, phakathi phaya.

<sup>33</sup> Ndiyakholelwa kuzo zonke izipho zikamoya. Ndikholelwa kuyo yonke iBhayibhile. NdingumPentekoste ukusuka emantla entloko yam ukuya ezinzwaneni, ngaphakathi, ngaphandle, konke ukujikela, nokugqobhoza. NdingumPentekoste! Ewe, mhlekazi! Bathi, “Ungu ‘mBhaptizi,’ wawutshilo.” NdingumPentekoste mBhaptizi. NdingumBhaptizi ofumene iNtsikelelo yobuPentekoste. Ke ndi...ndiyayithanda iNkosi uYesu.

<sup>34</sup> Kwaye ndandishumayela...Ndandibana nabanye abahlobo abasuka e-Arkansas, ngaphandle, kwaye sasithetha malunga ne-Arkansas. ELittle Rock, ngobunye ubusuku njengoko... Kwakukho umzalwana womNazarene omdala kwiintonga zokuhamba, kwaye wayethengise iipensile estratweni, iminyaka. Kwaye nanku ephandle estratweni, ngemini elandelayo, kunye nezi zindala iintonga zokuhamba, esihla enyuka ngestrato, nje edumisa uThixo nje. Ngoba busuku waye...iRobinson Memorial Auditorium, nina bantu abasuka ngaseLittle Rock niyazi apho ikhoyo. Kwaye—kwaye waphakamisa isandla sakhe, waze wathi, “Umzuzu nje, Mzalwana uBranham, ndifuna ukubuza wena into ethile.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi, yintoni?”

<sup>35</sup> Waze wathi, “Uyazi, xa ndakuvayo ushumayela, ndandiqinisekile wawungumNazarene.” Kuba, yilonto wayeyiyo. Wathi, “Ndandiqinisekile wawungumNazarene, kuba ushumayela njengomNazarene.” Waze wathi “Emva koko uthe ubulilungu, ngoba busuku, lebandla lobuBhaptizi.” Waze wathi, “Lonke ibandla lakho, phantse, ngamaPentekoste.” Wathi, “Andikufumani oko.”

<sup>36</sup> Ndathi, “Kulungile, kulula oko. NdingumPentekoste Nazarene mBhaptizi.” Ke oko yilonto ikuko. Yonke into yile: sibanye, kuKristu uYesu, sibotshelwe zizibophelelo zothando Lakhe.

<sup>37</sup> Masithandazeni ngoku ngaphambi kokuba sivule iLizwi, asifuni kunigcina thuba lide ngoku ukuba nibe semva kwexesha kwinkonzo yenu ngobu busuku. Kodwa masicele uThixo ngoku eze ngaphakathi asisikelele, ngokugqithisileyo, ngokuninzi. Bangaphi abanesicelo ngoku, phakamisani izandla zenu nize nithi, “Nkosi uThixo, Uze nje undikhumbule, ndi—ndinesidingo namhlanje”? UThixo abe nani.

<sup>38</sup> Bawo waseZulwini, njengoko kwakhona nje sisondele eBukhoni bobuNgcwele Bakho, siva...hayi, kwaye, kuphela ukuvakalelwa nje ukukhulula izihlangu zethu, kodwa sikhulula iintliziyo zethu kwaye nje sizibeke phambi Kwakho, Bawo. Siyakubulela Wena ngako konke othe Wakwenza kulo mkhankaso mkhulu. Siyaqonda, Nkosi, ukuba

ubukhulu abuthethi manani. Ubukhulu buBukhona Bakho. Kuba, kwakubhaliwe ngokubhekiselele ukuza kukaMesiya, ukuba “zonke indawo eziphakamileyo ziyakwehliswa, kwaye iindawo ezihlileyo ziyakuphakanyiselwa phezulu; amagqabi ayakuqhweba izandla zawo, neentaba ziyakutsiba njengeenkunzi zegusha.” Kwaye umntu ebeyakucinga ngokucinga ngobukrelekrele babo, ngela xesha likhulu eliyakuba lilo, ezanqwelo zomlilo zokulwa ziyakuza zisuka eZulwini, zisizisa uMesiya. Kodwa yenzeka njani? Komdala ongqwabalala umshumayeli ukukhangeleka, ephuma entlango yelakwaJuda, enganxibanga kwa nkqu njengomlungiseleli; ezibhijele ngentwana yofele, ukwenzela i—impahla; uboya kuye wonke, kwaye iindevu zakhe kubuso bakhe bonke; eshumayela, hayi ebandleni, kodwa elunxwemeni lweYordane, ememeza, “Guqukani, kuba uBukumkani beZulu busondele!” Ezantsi ngaseludakeni lonxweme, kusiza imizila yeenyawo zoMchweli waseGalili, ezaya emanzini, kwaye uThixo wayiqonda ngenene kwaye wayihlonipha de Wavula aMazulu kwaye bambona uMoya oyiNgcwele usehla njengehobe phezu Kwakhe. Oko kwakukhulu. Oko umntu akubiza “kukhulu,” ngamanye amaxesha bubuvuvu emehlweni Akho, Nkosi. Kodwa oko umntu akubiza “ubuvuvu,” kukhulu emehlweni Akho.

<sup>39</sup> Ngoku sivuya kakhulu ngokuba into enkulu yenzekile eSan Jose. Apha kuhleli abalungiseleli abahleli apha, abanye babo ngabe Assemblies of God, abanye babo ngabe Church of God, Independent, kunye nama-United Pentecost, kunye nazo zonke iintlobo ezahlukileyo. Kwaye apha ndimi phakathi kwabo, ndingengowawo nawuphi umbutho, kodwa ndizama ukuma embindini, ndithetha kubo bonke. Kwaye sibanye, kuWe; ntliziyo nye, mxhelo mnye, ndawo nye. Elinjani ixesha lokuba uMoya oyiNgcwele uvuselele into ethile! Siphe oko, Nkosi. Yiba nathi Wena, Nkosi. Sikelela lonke ihlelo elimelweyo apha. Siphe oko, Bawo. Bonke aba balungileyo abalungiseleli, anga amabandla abo angakhula kwaye ahlume, Nkosi. Banga abagulayo bangaphila, imfama zibone, izithulu zive, aboni basindiswe kwaye bazaliswe nguMoya oyiNgcwele. Kwanga kungabakho imvuselelo kwesi sizwe sonke apha, eyakushukumisa uLwandlekazi laseNtshona. Siphe oko, Nkosi. Kwanga kungabakho engako inzondelelo phakathi kwabazalwana, ukuze bangabinakho nje ukuphumla; enye eyakuqhwitha enye, kwaye lonke ibandla liyakuya phambili njengenkulu imanyano, linobudlelwana elinye nelinye, liqhekeza isonka ukusuka kwindlu ukuya kwindlu, kunye nobunye bentliziyo. Siphe oko, Nkosi. Thumela lamvuselelo esilindele yona.

<sup>40</sup> Sikelela ibandla, njengoko lilindele impiliso yalo ngale mvakwemini, nabaninzi belindele intsindiso yabo. Kwaye undincede, owu Thixo, njengoko ndifunda kwangcwele



aMazwi Akho. Wanga uMoya oyiNgcwele ungathabatha oko kukoKwakhoh, Nkosi, kuze kukuzise ezintliziyweni zethu. Uze emva koko undisebenzise, Nkosi, ukunikeza isabelo esanelisayo seLizwi Lakho kuye ngamnye nakuye yonke intliziyo elambileyo. Ndiva, ndiyathandaza, Bawo, eGameni likaYesu ndiyacela. Amen.

<sup>41</sup> Umntu othile usandula kundinika imbalelwano encinci, waze wathi, “UMzalwana uBaxter, osuka eCanada, uthumele uthando kunye nemibuliso kuwe, kwaye ulapha eCalifornia ngoku, ubambe umhlangano eConcord.” UThixo amsikelele uMzalwana wethu uBaxter. George Patterson, ingaba ulapha? uGeorge Patterson, ingaba usemhlanganweni? Ukuba ulapha, thabatha uthando lwam... UThixo akusikelele, Mzalwana uPatterson; thabatha uthando lwam uluse kuMzalwana uBaxter, indoda elungileyo. Kwaye ukuba nabani kuni ukhona apha, ukuba nifuna ukuva intshumayelo eshunayelwa yindoda eyaziyo yenziwa njani, hambani niye kuva yena, ukuba nikhona phaya; ngokuqinisekileyo ngumshumayeli omangalisayo. Sasikunye emininzi, emininzi iminyaka. Uthando lwam aluzange lufe kuMzalwana uBaxter; alusokuze. Unebandla elikhulu eCanada. Akakwazi ukuba nam kwakhona, ngenxa yemfuno yebandla lakhe.

<sup>42</sup> Ndiyayazi ukuba oko yintoni. Nkqu noMnquba wam namhlanje, ntoleyo isisiseko sam... Ngoku, abantu abathumela iminikelo kwesi siseko, banenombolo karhulumente ebuyela kuwe, ukukunika ukukhululwa kwirhafu kuko konke okuthumelayo kwesi siseko. Isi—isiseko esingenzi ngeniso, sibizwa uMnquba kaBranham. Kwaye ndiyayazi, phaya, amathenjwa abeke unxizelelo kum, “Masakhe umnquba omkhulu, hlala apha uvumele abantu beze kuwe.” Oko kuvakala lungileyo, kodwa asiyontando kaThixo ngam. Kukho abanye abantu abangenayo imali eyaneleyo yokuza kum, kufanele ndiye kubo. Yabona? Ke ndi—ndiyayazi kuyintoni ukuba nonxizelelo lubekwe kuwe.

<sup>43</sup> Kwaye uMzalwana uBaxter wenza lubekwe kuye, ke kufanele ashiye umkhankaso aze aye ebandleni lakhe. INkosi isikelele uMzalwana wethu uBaxter. Thabatha uthando lwam nombuliso, ngokukhethekileyo, wenzele mna, ukuba uyakuyenza mzalwana.

<sup>44</sup> Ngoku masityhile kwiSibhalo, ukwenzela isiqendwana malunga namashumi amabini emizuzu elandelayo, kwelinye leLizwi, elo, Elingayi kusilela. Kwaye bonke abantu abalapha, abagulayo, abanesidingo sayo nantoni, zingenise nje eLizwini. Bendizakushumayela ngale mvakwemini ku *Njengoko Ukhozi Lususele Indlu Yalo*, kodwa, ndifumanisile, amakhwenkwe afumene oko apha aza akuthengisa ebantwini, kwimo yencwadi. Kwaye ngoko, ekubeni ndibutshotrhana emqaleni wam, ndithabathe esinye isiqendwana. Kwaye ndiyacinga ngoku

ndinako konke kuchaziwe oko ebekufanele ndikuchaze. Kulungile. Masityhile kuYohane, oNgewl. uYohane, isahluko se-14, ukwenzela isifundo seSibhalo sethu. Kwaye phulaphulisisani njengoko sifunda isibhozo sokuqala semiqolo kaYohane i-14.

*Iintliziyo zenu mazingakhathazeki: kholwani kuThixo, kholwani kanaanjalo nakum.*

*Endlwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala: ukuba bekungenjalo, ngendanixelela. Ndiyemka kwaye ndiyakunilungiselela indawo.*

*Kwaye ukuba ndiyemka ndiye kunilungiselela indawo, ndiyakubuya ndize kwakhona, ndinamkelele kum; ukuze apho ndikhoyo mna, nibe lapho nani ngokunjalo.*

*. . . apho ndiyakhona niyakhwazi, nendlela niyayazi.*

*Athi uTomas kuye, Nkosi, asiyazi apho uyakhona wena; kwaye singayazi njani nendlela?*

*Uthe uYesu kuye, ndim indlela, inyaniso, kunye nobomi: akukho mntu uzayo kuBawo, engezi ngam.*

*Ukuba benindazile, ninge nimazile noBawo ngokunjalo: kwaye ngokunjalo ngoku ke niyandazi mna, kwaye nindibonile mna.*

*Athi uFilipu kuye, Nkosi, sibonise uBawo, kwaye oko kosanelisa; ngamanye amazwi, ukwanelisa.*

<sup>45</sup> Ngoku oko koko endifuna ukuthetha kuko, ngale mvakwemini. Ibe isisikhalo sentliziyo yoluntu, okwe... kusukela ekubeni singabantu, singathanda ukubona uThixo. Kwaye ndifuna ukuthabatha malunga neendlela ezine, ngale mvakwemini, ukunibonisa uThixo. Okokuqala ndifuna ukuthabatha uThixo kwihlabathi Lakhe lonke, uThixo eLizwini Lakhe, uThixo kuNyana Wakhe, uThixo ebantwini Bakhe. Kwaye sinakho singayithabatha ngezininzi ezinye iindlela. Kodwa ndithanda ukuthetha ngokusuka kwezo zifundo zine, iindlela ezine ezahlukeneyo esizakujonga kuzo, ukubona ukuba singambona uThixo. Ngoku, akukho mntu apha kuphela oko kuyakuthanda ukubona Yena. Aningethandi ukubona uThixo? Ndingathanda ukuMbona. Ke ukuba UnguThixo, ntoleyo esiyaziyo nguYe, ngoku kutheni singenakho ukuMbona?

<sup>46</sup> UYobhi ngelinye ixesha watsho oko, eyona Newadi indala eBhayibhileni, watsho into enjengale, "Ukuba ngendazile apho Ahlala khona, bendiyakuya kunkqonkqoza emnyangweni Wakhe. Kwaye bendingathanda ukuthetha naYe." Kwaye wathetha noThixo. UThixo wamxelela ukuba azibhinqise njengendoda, kuba Yena wayezakuthetha naye. Kwaye Wehla ngesaqhwithi, waze wathetha noYobhi.

<sup>47</sup> Indikhumbuza nge...phaya ngakwindawo yethu. Sihlala kuMlambo i-Ohio. Kwaye kwakukho inkwenkwe encinci eyaya

kwiSikolo seCawa esithile, iSikolo seCawa yeBhaptizi, kwilizwe lethu, kwaye yayithabatheke kakhulu. Ngenye imini xa yabuza unina, “Ukuba loMntu obizwa uThixo, lowo siya ecaweni ukuya kumnqula, ukuba Ungongako ukubamkhulu uMntu, andazi nokuba ungandivumela ndiMbone? Ndingathanda ukuMbona.”

<sup>48</sup> “Owu,” unina wathi komncinci wakhe, wathi, “kuhle, nyana, kufuneka ubuze umfundisi ntsapho wakho weSikolo seCawa, umama akakwazi ukunikeza impendulo.”

<sup>49</sup> Ke eSikolweni seCawa, wathetha nomfundisi ntsapho, waze wathi, “Andikwazi kunikeza oko, nam, ke kungcono ubuze umalusi.”

<sup>50</sup> Kwaye emva kwentshumayelo, babuza umalusi. Kwaye umalusi wathi, “Hayi, nyana.” Wathi, “Akukho mntu unakho ukumbona uThixo.” Wathi, “UThixo ufana nje nomoya, kwaye akunakho ukuMbona.” Kwaye, kakade, oko zange kuyanelise intwana encinci.

<sup>51</sup> Kwaye wayeqhele ukuhlobana kunye nexhego ezantsi kuMlambo i-Ohio. Kwaye yayiyendala eyenene indoda engumlobi, ingwevu ezindeveni, kwaye ingamashumi amathandathu anesihlanu, amashumi asixhenxe eminyaka ubudala, izihlalela, ihlala kwesilityotyembe iskhophe. Kwaye ndilobile naye, ngokwam, kwaye sasiqhele ukunyuka sijikele isiqithi silobe, sibeke ijumper lines. Ke lentwana incinci yayikunye nalo ngenye imini, phezulu emlanjeni. Kwaye endleleni ebuyayo, nako kusiza uqhwithelo kwaye kwafuneka bakhawulezele enxwemeni, ukumisa isikhophe sabo esincinci, ngokuba amaza ayemabi kakhulu kunye namaza anogwebu, ade abe ayakuphethula iphempe elincinci. Ke emva kokuba uqhwithelo luphelile, baphuma ngaphaya kwemithi, batyhalela isikhophe esincinci enxwemeni, baphumela emsingeni womlambo, owawumalunga nemayile enye ukunqumla uMlambo i-Ohio phaya. Baqalisa ukwehla ngomlambo, bebhinyela, njengoko indoda endala engumlobi yayitsala izibhexo.

<sup>52</sup> Kwaye xa babesemva komthi, indoda endala engumlobi yayiyixelele inkwenkwe encinci ibali (njengoko yayiyibuzile) kutheni yayingatshatanga, kwaye ingenamntu wokuyikhathalela. Kwaye yathi, “Owu, nyana, kukho uMntu othile ondikhathaleleyo. Kwaye isizathu sokuba ndingatshatanga, umfazi wam useZulwini, ulindele mna.” Kwaye yaqhubeka nebali.

<sup>53</sup> Kwaye njengoko babephumela ngaphandle emsingeni, babesiya empuma ngeskhethshane esincinci...okanye besiya entshona, ngxebe, ngesikhethshane sincinci, kwaye indoda endala engumlobi ijongene...emva phezulu emlanjeni ngagentshona, kwakusemvakwemini, kwaye—kwaye ilanga lalitshona. Kwaye, emva kwemvula, kweza umnyama.

54 Kwaye, owu, ndicinga ukuba lelona xesha lihle! Xa imvula ihlambe bonke ubumdaka busuke emithini, kwaye—kwaye yayikhangeleka mihle kakhulu, luhlaza, kwimibala yawo yemvelo. Kwaye zonke iityantambo zintle kwaye imo iphantsi, izisa ivumba lomfiyo. Lixesha nje elihle, emva kwemvula.

55 Ndicinga ngandlela ithile indikhumbuzo, emva kwemvuselelo, xa uMoya oyiNgcwele ungenile waza wahlamba lonke uthuli, waza—waza wasenza salunga kwakhona phambi kweNkosi. Nje ukuma eBukhloneni be . . . ngokufana nondikuko ngale mvakwemini, nje ukuhlamba eBukhloneni beNkosi uYesu. UMoya oyiNgcwele ususa zonke iintandabuzo noloyiko nezinto kuthi, kwaye simi ngokuhlangeneyo, emva ko—kokutshizwa okuvela eZulwini kuzalise imiphefumo yethu.

56 Njengendoda endala engumlobi yayiqalisa ukutsala iskhophe sayo, umfo omcinci waqaphela ukuba iinyembezi zaqalisa ukuphuma zisehla ngobuso bendoda endala engumlobi. Kwaye intwana encinci yajika ukuze ibone yintoni eyayijonge kuyo, kwaye kwakukho umnyama unqamleze isibhakabhaka. Ke umfo omcinci ehleli kumva wesikhophe, wathabatheka. Ke wayebambelele ecaleni lentambo yesikhophe, waza waphakama, waza wabalekela kumva wesikhophe waza wawela phantsi ethangeni lendoda endala engumlobi. Waza wathi, “Ndifuna ukukubuzo into ethile athe umama wam nomfundisi ntsapho wam weSikolo seCawa, okanye umalusi, akabinakho ukundiphendula.”

57 Yaze indoda endala engumlobi yemisa izibhexo zayo, yathi, “Yintoni, ntwana?”

58 Yathi, “Ndiqaphele ujonge kulamnyama.” Yathi, “Bandixelele ukuba uThixo wabeka okuya phaya.”

Yathi, “Yinyaniso leyo, ntwana yam.”

Wathi, “Ukuba uThixo mkhulu kangako, ingaba ukhona ubani ongaMbonayo?”

59 Yaze indoda endala engumlobi yayiholela inkwenkwe encinci esifubeni sayo, yaze yathi, “Iintsikelelo kuwe, ntwana yam encinci! Mandixelele into ethile. Konke oku bendikubona iminyaka emashumi mahlanu egqithileyo ibe inguThixo.”

60 Kube kukho okangako uThixo kwingaphakathi, de ibe nakho ukuMbona kwingaphandle. Ngoku, leyo kuphela kwendlela oyakuze ubenakho ukubona uThixo, kukuMfaka kwingaphakathi lakho, mvumele Yena ajonge ngamehlo akho, kwaye Uyakuzazisa Yena.

61 Kakade, uThixo Usehlabathini. Akukho namnye onengqondo elungileyo onokucinga i . . . Yehlela apha eLos Angeles, eMount Palomar, ndaweni ithile, uze ujonge kokuya, yona imifanekiso abathe bayithabatha. Nokwakujongwa kwesibhakabhaka kukhulu, apho lamakhulu anamashumi

amabini ezigidi zeminyaka zendawo yokukhanya, ungabona. Kucazulule okuya kube ziimayile, uze ubone apho uyakuya khona. Kutheni, uyakwenza imigca yezithoba ukujikeleza isixeko, kodwa futhi ungenakho ukuyicazulula ibe ziimayile. Kodwa ngaphezulu kokuya kukho isixhoba esiguqula imitha yelanga, ngaphaya! Kwaye xa umntu ejonge kokuya, inye kuphela into onokuyenza, kukuphakamisa izandla zakho kwaye, “Kangako,” ucule, “Indlela omkhulu ngaYo! Indlela omkhulu ngaYo!” Nganye ijika ngokugqibeleleyo, de babenakho ukukuxelela ukusithela kwelanga nenyanga, amashumi amabini eminyaka phambi kokuba yenzeke, ukuya kumzuzu. Icwangciswe ngokugqibeleleyo ngenene nguThixo!

<sup>62</sup> Kuze emva koko ukuba nje uyakuqwalasela endalweni, indlela athe uThixo aya kushukuma ngayo kwindalo Yakhe. Indlela ela hlabathi liqethuke ngalo nje intwanana, ukuziza ubushushu nomoya obandayo kunye, ukwenza imvula enkcenkceshala izityalo. Indlela uThixo aphila ngayo kwihlabathi Lakhe! Ingaba uyakukholelwa oko? Ngokuqinisekileyo, Uyayenza.

<sup>63</sup> Kwaye ngaxesha lithile bendithetha nomntu, kwisifundo sikaThixo. Kwaye bekusezantsi kwi, eKentucky. Waze wathi kum. . . Wayengongakholelwayo. UMnu. Wood kunye nam sasizingela oonomatse, saza saya ngaphaya siyokucela ukuba singazingela kwindawo yakhe. Waze wathi, “Owu, qhubekani,” watsho.

<sup>64</sup> UMzalwana uWood wathi, “Lona ndim kunye nowam—nowam umalusi, ufuna ukuzingela.”

<sup>65</sup> Wathi, “Wood, akuthethi ukuthi wehlile kakhulu de kufuneke uthwale umshumayeli lonke ixesha?”

<sup>66</sup> Waze wathi, “Hayi, lona nje ngumalusi wam.” Wathi, “Uthanda ukuzingela.” Wathi ndi. . .

<sup>67</sup> Kwaye bendisehlathini malunga neeveki ezimbini, kunye neendevu malunga nesiqingathi se-intshi ubude; kwaye—kwaye ndimdaka kangangokuba ndandinakho, ngenxa yokulala emhlabeni, indlela esasisiba semahlamathini ngayo. Ndandiphandle, ndiphumlile. Kwaye olo luhlobo lwam lokuphumla, ngokuba ndafumana uThixo kwindalo. Leyo yayiyiBhayibhile yam yokuqala, yayinguThixo kwindalo Yakhe, kwihlabathi Lakhe.

<sup>68</sup> Waze wathi, “Kuhle,” wathi, “kulungile ndiyaqikelela, ukuzinxulumanisa nabashumayeli.” Wathi, “Kodwa, uyayazi, ndinembono yam ngezo zinto.” Wathi, “Andikholelwa nakoluphi uhlobo lwenkolo.” Kwaye kwakukho enye indoda ihleli kunye naye. Saza—saza saqhubeka, sithetha malunga nenkolo (bayenza) ithutyana. Kwaye ndema nje phaya, ndisitya i-apile endalichola emhlabeni.

<sup>69</sup> Kwaye yena, le ndoda indala eyayifanele ibe ngongakholwayo, yathi, “Ndabe ndisoloko ndimangele. Ndingathanda ukundibana nomshumayeli othile.” Yaze yathi, “Lowo ngulowo owayengaphaya apha e-Acton, ngela xesha.” Yathi, “Uyazi, udade omdala ngaphaya kwenduli; andinakho ukulibiza igama lakhe kanye ngoku.” Yathi, “Laa ndoda yayimi phaya kwiMethodist Campgrounds,” exhaswa ngezimali libandla lamaWisile. Oko akuqhelekanga, kodwa yenzeka. Kwaye sasinomkhankaso wempiliso.

<sup>70</sup> Ngoku, nina maWisile nifanele nikukholelwe oko. UJohn Wesley wayikholelwa. Ngokuqinisekileyo, wayenza. Bonke abahlaziyi bangaphambili bayikholelwa impiliso eNgcwele.

<sup>71</sup> “Kwaye,” yathi, “emi emhlanganweni ngoba busuku, wathetha nodade walo mfazi mdala ngapha. Ekubeni umfazi wam kunye nam nomyeni wakhe, konke esasinokwenza (wayemke kakhulu ngumhlaza, oogqirha babemncamile, iiveki ngaphambili), kwaye ukumbeke kumondlalo wesicangca ngala ntsasa.” Yathi, “Wayekwenjalo imeko!” Yaze yathi, “Udadewabo waya kulamhlango. Kwaye lo mshumayeli wabiza igama lalomfazi, waza wamxelela ukuba eze, ‘beka itshefu kulo mfazi unomhlaza,’ udadewabo. Kwaye wayenza, ngoba busuku. Kwaze ngentsasa elandelayo, watya ihem namaqanda, waza wapheka ipayi ye-apile eliqhotsiweyo ukwenzela isidlo sakusasa, wayitya.” Yathi, “Ndifuna ukuhlangana nala mshumayeli ngenye imini.” Ndema nje phaya.

Ndaza ndathi, “Ingaba uyakumazi umshumayeli?”

<sup>72</sup> Yathi, “Hayi, andimazi.” Waze uMzalwana uWood wajonga ngapha kum, wabetha imehlo.

<sup>73</sup> Ndaze ndathi, “Ingaba ufuna ukundixelela ukuba akumkholelwa uThixo?”

Yathi, “Andiyi kuyikholelwa ndide ndiyibone.”

Ndathi, “Mdala kangakanani la mthi we-apile?”

“Owu,” wathi, “Ndawubeka phaya malunga namashumi amane eminyaka eyagqithayo.”

<sup>74</sup> Ndathi, “Kusekutsha nje kuSeptemba, asibanga namo yazulu ibandayo okanye kwanto. Ndixelele, mhlekazi, kuthetha ntoni okuya, Bubukrelekrele buni obuthetha kula mthi buze buyenze la ncindi yehlele ezantsi ezingcanjini ize izifihle kubusika? Galela amanzi kwisiqobo uze ubone ukuba iyakuyenza, okanye beka inkonkxa ezeleyo kuwo, uze ubone ukuba iyakwehlela ezantsi ize izifihle emhlabeni, iphepha imo yezulu ebandayo. Ukuba ayikwenzanga oko, imo yezulu ebandayo iyakuwubulala ngoko nangoko. Kodwa obunye uBukrelekrele bubalekisa incindi buyithobe emhlabeni, iphume kulamthi, kwaye iwugcine ushushu; ukusuka emagqabini, awela emhlabeni, ukusuka emthini. Kwaye

kwintlakohlaza elandelayo, ngaphambi kwa nkqu imo yezulu iqalisa ukubangcono, naku kusiza incidi ibuyela phezulu, isizisa ubomi obutsha. Cacisa oko kum. Ndixelele yintoni eyenzayo lonto.”

Yathi, “Andizange ndicinge ngayo ngaphambili.”

<sup>75</sup> Ndathi, “NguThixo kwindalo Yakhe. UThixo ucwangcisa yonke into nje kakuhle.”

Yathi, “Ngubani igama lakho?”

Ndathi, “NdinguMzalwana uBranham.”

<sup>76</sup> Yathi, “Leyo yindoda, igama—igama lendoda eyayingaphaya.”

Ndathi, “Injalo loo nto.”

<sup>77</sup> Yathi, “Ngayo yonke lo misebe, kwaye igqunywe ligazi lonomatse, wena?”

Ndathi, “Okok nje yinto enye, ndi, ndinguye lamntu.”

Yathi, “Umaze njani la mfazi?”

Ndathi, “Andikxange.”

<sup>78</sup> “Wazi njani ukuba wayezakuphila?” Ndathi, “Wagqitha nje esehla ngendlela apha, yena nomyeni wakhe, kwixesha eligqithileyo, ehamba.”

Ndathi, “Bendingayazi.”

Yathi, “Ingaba umphilisile?”

<sup>79</sup> Ndathi, “Hayi, mhlekazi. UThixo uyibonisile, uThixo umphilisile, olo lubabalo Lwakhe olumangalisayo!”

<sup>80</sup> Wayesitya kwi apile, waza waluma. Waze wajika intloko yakhe, wathi, “Ungaqhubeka uye kuzingela oonomatse.”

<sup>81</sup> Ndabhekabheka, kwaye iinyembezi zazisihla ngezidlele zakhe. Ndabeka ingalo yam ndamwola, ndathi, “Mzalwana, uyamkholelwa Yena, akunjalo?” Wanqwala intloko ngokufana *nokuya*, waza wajika waza wemka waye efama. Owu, uThixo kwihlabathi Lakhe!

<sup>82</sup> Ngelinye ixesha eligqithileyo, ongakholwayo wanqumla isizwe, kwiminyaka eyagqithayo, amashumi amane, amashumi amahlanu, amashumi amathandathu eminyaka eyagqithayo, efumana abaguqulwa. Owu, wayehlakaniphe kakhulu ngobukrelekrele bakhe bade abashumayeli beloxesha, ngokuthetha ngobukrelekrele, ababinanto yakubambelela ngaye. Kwaye wenza abaguqulelwa ekungakholweni. Kwaye ngexesha elithile impilo yakhe yanikezela; wanyukela eColorado, ngasefama apho ndandiqhele ukufama ndisebenze. Kwaye wayethabatha ikhefu emva phaya. Indoda endiyaziyo, noyise, wayesike i—indlela ukuphumela, ukuze ibeke inkampu yayo. Kwaye ngenye imini yayiphuma, yaze yema. Yaze yajonga ematyeni, yaze yathi, “Uvelaphi na wena? Ufike njani na

phaya?” Yaza imimoya yaqalisa ukubhudla. Yathi, “Ingaba ndibe ngongalungisanga lonke ixesha? Ingaba ukhona na uThixo, makathethe nam Yena!”

<sup>83</sup> Phaya, lowa ungakholwayo lowo abashumayeli okanye namnye wayengenakho—engenakho ukumbamba okanye ukumelana naye, gxebe, kumazwi obulumko bakhe, kodwa babemoyika. Kodwa iBhayibhile yathi, “Ukuba bayathula, amatye ayakusuka ankqangaze.” UThixo unendlela yokwenza izinto. Amatye ankqangaza! Phaya esemadolweni, kunye nobuso bakhe emhlabeni, wanikezela ngomoya wakhe wokungakholwa kuThixo, waza waba ngolungileyo, othobekileyo umKristu. “Bathula, indalo iyakunkqangaza.”

<sup>84</sup> Ndi, ndingumzingeli. Ndi—ndiyakuthanda ukuzingela, ngokuba phaya kulapho ndafumana uThixo, kuqala, kwakusematyholweni. Xa ndandifuna okokuqala ukumkhonza Yena, ndandingakwazi kuthandazwa njani. Kwaye sazingazange saya ecaweni; abantu bakuthi, emva, babe...mna, ndingumKatolika. Babengakhange...mIrish, ngendalo, umama notata, bobabini; ngaphandle, komakhulu wam wayengumNdiya. Kwaye ngoko bona...Ndandingakwazi kuthandazwa njani. Kwaye ndandifuna ukusindiswa, kwaye, niyazi endakwezayo kuqala? Ndahlala phantsi ndaza ndambhalela ileta uThixo, ndaza ndamxelela Yena ukuba ndandixolisa ngoko ndandikwenzile. Kwaye ndandizakuya ematyholweni, kwindlela apho ndandiqhele ukuba nokwenene ukuvakalelwa okungaqhelekanga xa ndisiya kwezi ndawo, kwaye ndandizakuyixhoma emthini ukuze Yena abenakho ukuyifunda xa Egqitha. Kakade, ndandisazi Wayehlala phandle phaya ematyholweni ndaweni ithile. Ndandibone ezininzi izinto zisenzeka; ndayazi ukuba Yena uhlala ndaweni ithile. Kwaye ndacinga, “Yena, ekubeni engongachaphazelekiyo ngenene esonweni, Yena uyakuba phandle kwindawo leyo yayicocekile, nalapho abantu babengekho khona.” Wayenakho...ndandinakho ukumfuna Yena phaya ngcono kunokuba ndinakho phakathi kweendawo ezinje apho abantu badyobhekileyo. Ndafunda, iBhayibhile yam yokuqala, yayisuka kwindalo.

<sup>85</sup> Okanye, wena—wena uthathe lamadada mancinci. Asuka eZantsi apha, aze emke, kude phezulu ukuya eCanada, aze enze indlu yawo phezulu phaya eludakeni. Aze abeke amaqanda awo, kwaye amantshontsho amancinci ayazalwa. Kwaye, oko kusentlakohlaza. Ngala nyaka, ayavuka, lonke uhlobo ayazondla. Kwaye xa ixesha lasebusika lifika, ixesha lokuqala nako kusiza umoya obhudlayo obandayo ukunqumla iintaba, apho umbethe ukhoyo, itshayela ezantsi iphandle elilithafa apho amachibi akhoyo, okanye amazantsi eenduli, kwaye lampepho yokuqala ibandayo ibhudla ukunqumla phaya, kunye neqabaka kuyo; ndaweni ithile kwela ngquba likhulu lamadada kweliqula,



yinkokheli encinci, encinci inkunzi yedada. Iyakubalekela phandle phaya embindini welaqula, itsolisa lambombo mncinci emoyeni, ize ikhuphe esasikhalo sincinci phezulu emoyeni, ize ikhale amane okanye amahlanu amatyeli, lonke idada equleni liyakuza kuyo. Iyakuphakama phaya. Ayizange yemka kwelaqula; yayizalelwe phaya ngala ntlakohlaza. Iyakusukuma kwelaqula ize iye ngqo eLouisiana njengoko inakho ukuya, kuwo amasimi erayisi; akukho sichazi-mzila kwaphela. Bakubiza “uthuku lwendalo.”

<sup>86</sup> Ndabesoloko ndicinga, ukuba uThixo unika ukuhlakanipha okwaneleyo kwidada, okubizwa “uthuku lwendalo,” ukulikhokelela kude engxakini, kufanele Enze ntoni kwibandla elizalwe ngokutsha, lizele nguMoya oyiNgcwele? Yintoni Afanele ayenze? Alinasichazi-mzila, kodwa lazalwa liyinkokheli! Amadada ayayazi inkokheli yawo, kodwa ibadla alazi. UMoya oyiNgcwele yiNkokheli yethu, NguMfundisi wethu, Usikhokelela eNyanisweni, eBomini. Amadada ayayazi eyawo, kodwa kukhangeleka ngathi ngamanye amaxesha asinabo obungako ubukrelekrele njengedada. Kuba, liyathanda ukukhathalela oko linikwe kona, kodwa sizama ukuqikelela into ethile ngokwahlukileyo. Obo bubukrelekrele, uyaphuma kwihlabathi elikhulu likaThixo.

<sup>87</sup> Ndiyakukuxelela ongakwenza, abanye benu bantu abasuka kumazwe abandayo. Niqaphele langulube indala isiya ngaphaya ukusuka kwicala langasentla lenduli, ize izise onke amakhasi nemipha phaya kwicala langasezantsi lenduli, yenze umandlalo wayo. Kwaye ngobuya busuku niphulaphule kwiindaba, kwaye iindaba ziyakuthi, “Ngomso, iyakuba yimozulu entle,” ningakhe nikuhoje oko bakutshoyo. La ngulube indala yazi ngakumbi malunga nemo yezulu kunokuba iyakuze yazi. Oko kunjalo ngqo. Yaya kwicala langasezantsi apho kuyakubashushu khona.

<sup>88</sup> Uya uyokuzingela imivundla uze ubone loo mivundla ihleli ngasemva phantsi kwetyholo, ngokufana *noku*, qaphela imo yezulu ebandayo! Kwaye ukuba uyayibona yona ingena kwintsimi yombona, ilungiselela ukuna.

<sup>89</sup> Qaphela nje uThixo, Uyanyakama, owu, Umangalisa kanjani! Ukuba nje ningavula amehlo enu, ningabona Yena ndaweni yonke. Ukwindalo Yakhe, kwindawo yonke, ukunyakama. Mqapheleni Yena ekutshoneni kwelanga. Mqapheleni Yena ekuphumeni kwelanga. Mqapheleni kumnyama. Mqapheleni Yena ndaweni yonke. Ningambona Yena, Akakho kude kuni kunengalo yenu yasekunene ikhoyo. UThixo kwihlabathi Lakhe.

<sup>90</sup> Kwiminyaka ethile eyagqithayo, ndandizingela i-elk, phezulu eColorado apho ndiqhele ukuzingela khona kancinci. Kwaye phezulu ezintabeni phaya, kwakusekutsha ekwindla, Kwaye ikhephu lalingekangeni nzulu ukwenza

i-elk iphume kumatyholo aphezulu, ukwehlela entlanjeni. Ke uJeff kunye nam, umfama, saba... ndamnceda afame phaya iminyaka, kwaye ndisamnceda ekuqokeleleni. Kwaye xa wakhwela wenyuka, ukuya kuzingela, kwaye ebesaya kumka kum ezintathu okanye ezine iintsuku. Wabuyela emva kumda wasentshona woMlambo iTroublesome, kwaye ndandizingela kumda wasempuma. Kwaye ukuba sifumana i-elk, besiyakuzixhoma, kwaye sazi apho kufanele sibuyisele khona amahashe emithwalo, kwaye nje sasikwahashe lethu lesali.

<sup>91</sup> Kwaye ngenye imini ndandiphezulu apha, ndemka ukusuka kwahashe lam lesali, kwaye phaya kumphetho. Kwaye kokubasemva kwexesha lasekwindla, into yokuqala oyaziyo, ilanga liyakubelikhanya, ngoko iyakuna, emva koko iyakutyhila, emva koko likhithike. Kwaye, yimo yezulu nje eguquguqukayo. Kwaye ndandizingela, phezulu. Kwakubomarha, kwaye ndaza ndeva ukukrwabaza kombane; kwaye ndajonga, ukuza ukunqumla iintaba, kwaye imvula yayisiza. Ke, ndaya nje ngaphaya komthi ndaza ndema phaya ithutyana de uqhwithelo lugqithe. Imimoya yabhudla kwaye iphinyela, nokujikeleza, ndaza ndema emva kwemithi de igqithe. Emva kokuba igqithile...

<sup>92</sup> Ndandimile phaya, ndicinga ngoThixo. Ibe yiminyaka nje embalwa egqithileyo, ndandibambe le mikhankaso. Kwaye ndacinga, "Mkhulu kangakanani uThixo, kwaye umangalisa kangakanani!" Ndathi, "Kufanele ndazalelwa le ndawo, ngaphandle ematyholweni, ndedwa ngokwam, kude ebantwini nezihlewele, Kwaye abagulayo nabaxhwalekileyo, nayo yonke into, iimfonomfono zikhala, kunye nenqwelo zezigulane zisiza." Ndacinga, "Obunjani ubumnandi noxolo! Nkosi, mandihlale apha. Kwaye nda—ndazalelwa oku, lena yindalo yam, apha kulapho ndingowakhona. Apha kulapho Wena uhlala khona." Ndaza ndacinga, "Kuhle, ukuba andiyifumani kobu, ndiyakubanayo kwiMillennium, ke ndiyakulindela nje ela xesha."

<sup>93</sup> Kwaye xa uqhwithelo lwayeka, ndaba buphuma emva komthi. Kwaye, emva lee ngaphaya kwenduli yentaba, ndive inkunzi ye-elk endala iqalisa u—ukukhala. Kwaye yayibiza komnye umhlambi; asasazeka, ngexesha lesaqwhithi. Kwaye yaqalisa ukubiza kumlingane. Ngoko njengoko uDavide atshiloyo eZibhalweni, "Xa inzulu ibiza kwiNzulu"! Ukuba kukho inzulu, ibiza, kufanele kubekho iNzulu iphendule kuyo, ndaweni ithile.

<sup>94</sup> Kwaye emva koko landalo iyaqalisa ukuvuka kum. "Nantsi indawo yam yokuhlala. Owu, lowo ngumculo!" Ngasemva kude ngapha, endala engwevu ingcuka yakhala, laza iqabane laphendula, ezantsi emazantsi. Owu, bethu! Oko kuxa inzulu ngenene ibiza kwiNzulu; ukuva olwabizo lungqwabalala

lengcuka, ezinye ezingqwabalala izilwanyana zingxola. Kum, nguThixo! Ndiyamva Yena phakathi kwerhamncwa Lakhe kunye nezilwanyana Zakhe.

<sup>95</sup> Umoya uyabhudla, kwenzeka ndijonga ngasemva ngapha apho i . . . ukubhudla, ukubanda ngokwenene ukwenza amanzi abe ngumkhence kuhlaza. Ilanga liyaphuma, ngaphaya ukuya entshona, *ngale* ndlela, kwaye likhangeleka njengeliso lijonge ngokuya phaya, njengoThixo, ekutshoneni kwelanga. Kwaye ndaqaphela yabangela umnyama ukunqamleza umwonyo. Kwaye ndaqalisa ukucinga, “Nankuya Yena phaya kumnyama. Nankuya Yena ngaphaya, ekubizeni kwe elk. Nankuya Yena ngaphaya kwincwaka, ebiza, Nanku Yena emithini. Ndiyalisa izwi Lakhe lisebeza. Nankuya Yena phaya kumnyama.”

<sup>96</sup> Kuba, “Kwakufanele akhangele njengeYaspire nelitye leSardusi, kunye nomnyama phezu kwentloko Yakhe; u-Alfa no-Omega, isiqalo nesiphelo; Lowo Wayekho, Ukhoyo Yena, kwaye OyaKuza; iNgcambu neHlumelo likaDavide.” Kwaye enomnyama, imibala esixhenxe, ingqibelelo. UThixo ugqityeleliswa kwizixhenxe. Kwaye nanko futhi Yena enjengomnyama, njengomnqophiso.

<sup>97</sup> Ndaweni yonke okhangela kuyo, ungabona uThixo, ukuba nje ungakhangele kwindalo Yakhe. Kwaye njengoko ndandizalisiwe . . . Ndizakuxela into ethile, ngoko uyakwazi ndi—ndingowenene umBhaptizi. Ngelaxesha ndandikhangele kokuya, ndazala kakhulu nguMoya oyiNgcwele ndade ndeyamisa umpu emthini ndaza ndabaleka ndijikeleza umthi nje ngamandla endandinakho, ndikhabela omnye umlenze emoyeni, kwaye ndikhwazela phezulu kwilizwi lam, ndingxola, “Haleluya! Haleluya! Haleluya! Haleluya,” nje ukujikeleza, ukujikeleza, ukujikeleza, de ndaphantse ukuwa; emva koko ndayeka ndaxhuzulela izandla zam phezulu nasezantsi, kwaye phaya ndingxola, “Uzuko! Uzuko! Uzuko! Uzuko! Uzuko! Haleluya! Haleluya! Haleluya! Haleluya,” nje ngamandla endandinakho ukubaleka. Ndandingenakho ukucinga ngenye into engenye yokutsho. Intliziyo yam yayibhabhazela.

<sup>98</sup> Yayiyintoni? Inzulu ibiza kwiNzulu! Ndamva uThixo phandle ngaphaya ngendlela ekunokuthi mhlawumbi ubungenakumva Yena. Kodwa, kum, Yena wayesehlabathini, ebiza, “NdinguThixo wendalo. Ndazenza zonke izinto ngesandla saM Mna.”

<sup>99</sup> Ewe, ukuba umntu othile uza ematyholweni, bayakucinga ukuba banegeza ematyholweni. Ukujikeleza, ukujikeleza, ukujikeleza, ukujikeleza, ukujikeleza la mthi ndaya, nje ndinexesha elizukileyo! Ndandingenguye . . . nabani, ndandingakhathali nokuba bevayo, okanye hayi. Ndandingamashumi amahlanu eemayile, amashumi amathathu

eemayile, kakade, ukusuka nakubani, kude kangangoku ndandisazi. Kodwa ukujikeleza nokujikeleza umthi ndaya, ndikhwaza.

<sup>100</sup> Ngenxa yantoni? Ndandikwindlu kaThixo. Ndandinakho ukumbona Yena ndaweni yonke, ilanga, imitha isiza phakathi kwamatyholo, umnyama ngaphaya, ingcuka ingxola, i-elk ingxola. Ndabanakho ukumva Yena kwimimoya. Owu, bethu, Yena ukwindawo yonke! Phezulu kakhulu, wawunakho ukubona apho ikhephu likrobe iintaba, kwaye wehlele ezantsi kuhlaza. Owu, khangela nje naphina na, uyakumbona Yena. Usandalweni Yakhe Yena. Niyakukholelwa oko? Ndema phaya ithutyana.

<sup>101</sup> Kwaza emva kwethuba ndeva into ihamba, “Tshata, tshata, tshata, tshata! Tshata, tshata, tshata!”

Ndacinga, “Yintoni lanto?”

<sup>102</sup> Ndabhekabheka. Kwakukho omdala umthi owiswe ngumoya phaya apho u—uqhwithelo lwangaphambili lawisa imithi ethile, kwaye kwakukho unomatse omncinci wompayina. Andazi nokuba niyazi ziyintoni, okanye hayi. Bangaphi abayaziyo yintoni unomatse wompayina? Ngoyena ungxolayo umfo okhoyo elizweni. Kwaye watsibela kwisiqobo esidala somthi phaya. Kwaye wayesenza nje ngathi wayemalunga noku... wayezakundikrazula ndibe ziziqwenga, nje, “Tshata, tshata, tshata, tshata!” Wayetsibatsiba, eshukuma wonke, ngamandla kangangokuba enakho. Owu, wayezakundinqunqa.

<sup>103</sup> Kuhle, ndacinga, “Mfo omncinci, akukho sidingo sokuba ubenokuya kuthabatheka. Akuzokwenza nto. Kwaye mna, ndiyenzile, intoni, ingaba ndikoyikisile?” Ndacinga, “Kuhle, akufanele woyike malunga noko. Bendidumisa nje uThixo owasidala thina sobabini.” Yabona? “Akukho sidingo sokuba ukrazuke. Bendidumisa Yena, ke sukuthabatheka ngolohlobo. Ke, bendidumisa uThixo, kufanele waze ngcono kunokundigxwala ngolohlobo. Sukundiphazamisa xa ndikhwaza ngolwa hlobo, ngokuba ndonwabile. Hlukana nam.” Yabona?

<sup>104</sup> Kwaye ke kwenzeka ndiqaphele lamfo mncinci uyakutyhalela intanyane yakhe emacaleni, aze ajonge ezantsi kwelahlahla. Ke, ndaza ndafumanisa ukuba wayengakhonkothi kum. Kwelahlahla, ngesaqhwithi, kwakukho ukhozi olukhulu lunyanzelwe phantsi. Kwaye lalinyalelwe kokuya, labhudlelwa phantsi kwala mthi uwiswe ngumoya. Kwaye umfo omkhulu, yilonto unomatse omncinci wompayina wayethabatheke kuko. Kwaye watsibela esebeni.

<sup>105</sup> Ndacinga, “Ngoku, linda umzuzu apha, kukho into ethile ndaweni ithile. Ngokuba, bendidumisa uThixo, ndijikeleza nokujikeleza lomthi apha. Kwaye ndibona Yena kuzo zonke ezi mpawu Zakhe, kunye nale ndalo. Ngoku, kutheni

Eyakundiphazamisa ngento enjeya ngaleya?” Ngoku, kwakukho ukhozi olukhulu. Ndilihloniphile ukhozi. Kodwa ndajonga kulo, ndaza ndacinga, “Kulungile, intoni . . . Ingaba ndingabona uThixo kulo? Ngoku kuyakuba yintoni okuya?”

<sup>106</sup> Ndajonga kulo. Awalo amakhulu, angwevu ukukhangeleka amakhulu amehlo, kwaye lema phaya kwelasebe, lijonge kum. Laza lajonga kulonomatse, laza lajonga ngasemva kum; emva koko lajonga kunomatse, lajonga. Ndathi, “Ndiyaqikelela uyasijongisisa.” Ke ndacinga, “Uyazi intoni? Ndingakudubula, ukuba ndiyafuna.” Ndaza ndajonga kulo. Kwaye umpu wam wawoyame ngomthi. Ndathi, “Ingaba ubusazi ndingakudubula ukuba ndiyafuna?” Zange lahoya nantwana kulonto, lihleli nje phaya.

<sup>107</sup> Ndaza ndacinga, “Owu, oko koko uThixo afuna ndikubone, ‘Musa ukoyika.’” Ela khozi ligorha, aloyiki nto. Belingayikuba nantloni ukuxelela umphathi walo liphiliswe yimpiliso eNgcwele. Kwaye yiyingayikuyihlupha. Kwaye lo—lomelele. Belingayi koyika ukungqina ukuba lifumene uMoya oyiNgcwele. Ukuba Ebengowalo, ngokuqinisekileyo beliyakungqina ngaWo; kuba liligorha, akukho nto yakuba nazintloni ngalo.

<sup>108</sup> “Kulungile,” ndacinga, “yintoni le ukhaliphe ngayo? Yintoni ekwenza ubeligorha?” Ndaqalisa ukuqaphela ngoko, laqhubeka lisava ezompiko. Niyazi indlela ashukumisa ngayo iintsiba zawo ngasemva naphambili, niyazi, atsale iimpiko zawo. Ndacinga, “Owu, ndiyabona. Uh-huh. UThixo ukunike impiko ezimbini. Kwaye wazi lungileyo nakakuhle ukuba ungathatha wona amaphiko amabini ufike kulamthi phambi kokuba ndifike kulampu.” Lalithembele koko . . . uThixo ulinike iimpiko ezimbini, kwaye liyazi yintoni ezo mpiko ziyakulenzela yona.

<sup>109</sup> Ukangakanani umahluko onguwo ebantwini! UThixo usinike uMoya oyiNgcwele, kwaye futhi asazi Uyakusenzela ntoni. Injalo lonto! Awunasithintelo, into Oyakuyenza. “Naziphi na izinto enithi nizingwenele, xa nithandaza, kholwani ukuba nizifumene, kwaye niyakuzizuza.” Ela khozi linokuthemba ezampiko lizininikwe nguThixo. Niyazi kutheni? Ndicinga, kumaxa amaninzi, ikhozi livavanyile. Liyakwazi oko lithetha ngako. Kwaye sinoMoya oyiNgcwele kwaye asikawuvavanyi Wona. Apho kulapho nje ikhozo. Yabona, ukuba siyakuvumela indalo isebenze kuthi ngohlobo izilwanyana zenza ngayo! Ngokuqinisekileyo, liyayazi emalibambebelele kuko, nemalingabambebeleli kuko.

<sup>110</sup> Ke li—liyawazi umgama ukusuka apho ndandimi khona, ukusuka kumpu wam, liyakuba kulamthi kwaye andisokuze ndiphindi ndilibone, ke laqhubeka lishukumisa ezo mpiko zinkulu. Kwaye ndalibukela, ndathi, “Nkwenkwe endala, andisokuze ndikudubule. Ndiyazingca kakhulu ngawe!”

Ndiyathanda ukubona into ethile enomxhino kuyo, into ethile eyakuma xa besazi oko bakwenzayo. Anithandi ukukubona oko?

<sup>111</sup> Eso sisizathu ndilithanda ibandla lePentekoste. Andikhathali nokuba lithini ihlabathi, libabiza “abaqengqeleki abangcwele,” yonke into engenye, bama kqo bakhwaze nje ngohlobo olunye, badumise iNkosi, baqhubeke. Ndiyakuthanda oko. Ngokuqinisekileyo, yima kqo kuyo. Akwenzi namnye umahluko yintoni, hlala phaya uze unike ubungqina bakho, nika uThixo indumiso.

<sup>112</sup> Ndabukela eli khozi lidala njengoko lalijikeleza phaya, niyazi, intwanana. Kwaye kwenzake ndiqwalasele, lalingajonganga kum kangako, lalidinwa kukuphulaphula kulanomatse emqalekisa, “Tshata, tshata, tshata, tshata! Tshata, tshata, tshata!” Ah, lajonga nje ngaphaya kuye. Kwaye emva kwethuba lacatshukiswa nguye, ke, kuphela kwento elayenzayo kukwenza umtsi omkhulu ngokufana *nokuya*, laphaphazela iimpiko zalo malunga nesibini, kwaye lalingaphaya komthi. Emva koko alizange laphaphazela elinye ixesha, lalungisa nje iimpiko zalo. Kwaye lonke ixesha umoya uphakama, beliyakuphakama nawo. Kwaye ndema phaya ndajonga kulo. Njengokuba ngaxesha lonke umoya ubuya kuza, beliyakuya phezulwana; zange lashukumisa siba, nje ukunyukela phezulu, phezulu, phezulu, lade laba lichaphaza elincinci.

<sup>113</sup> Ndema phaya, kwaye iinyembezi zaqalisa ukwehla ngezidlele. Ndathi, “Owu Thixo, lena yindawo enkulu yokuba kuyo. Apha kulapho endithanda ukuba khona. Phaya Wena ukwelakhozi.”

<sup>114</sup> Yabona, lenza nje umtsi omnye omkhulu, kwaye lathemba iimpiko zalo. Alizange liphaphazele ukusuka kumhlangano ukuya komnye, nokuya ukusuka kwibandla elinye ukuya kwelinye. Lenza nje ukuphaphazela okunye okukhulu, emva koko lalungiselela iimpiko zalo eMandleni kaThixo, lavumela uMoya oyiNgcwele, alimhambise, ukuqhubeka nokuqhubeka, kunye nokuqhubeka nokuqhubeka. Lemka ukusuka kulonomatse mdala womhlaba apha, obopheleleke emhlabeni; akanampiko, kwaye akayazi indlela yokubhabha. “Tshata, tshata! Imihla yemimangaliso yeqqitha. Akukho nto enjengoMoya oyiNgcwele, oko kokomnye umhla ogqithileyo.” Owu, lungiselela iimpiko zakho nje eMandleni kaThixo, vumela uMoya oyiNgcwele ukuphakamisele ngaphaya kwalo, qhubeka kwaye uqhubeke kwaye uqhubeke. Akazange eve kwa ukuya kwakhona ngonomatse, unomatse womhlaba, okanye nantoni ofuna ukumbiza ngayo. Ladinwa yila “tshata, tshata.” Owu, ukuba ibandla, ngeminye yale mihla, liyakudinwa kokuya, kwaye liyakwazi indlela yokulingisa iimpiko zalo; kwaye liyakuthabatha uhambo noThixo, liye eKhaya, liphume kuyo. “Imihla yemimangaliso yeqqitha”? Ndixelele nini. Bafike nje emva kwexesha ukusixelele oko, abenzanga njalo? “Imihla

yemimangaliso yegqitha. Akukho nto enje ngoMoya oyiNgcwele. Ukuthetha ngeelwimi lukholo nje lokuzenzisa,” kuko konke abaziyo malunga nako. Ke, into yokwenza nje kukulungisa iimpiko zakho.

<sup>115</sup> Zange aphaphazele, ngoku, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo. “Ndiyakuya ngaphaya ndize ndibone ukuba *oku*, kwaye ndiyakuya ngaphaya ndibona ukuba *okuya*.” Laliyazi nje indlela yokulungisa iimpiko zalo. Kwaye kuko konke ofanele ukwazi kwenziwa njani malunga neMpiliso eNgcwele, malunga noMoya oyiNgcwele, kukwazi nje indlela yokulungisa ukholo lwakho emandleni nasezithembisweni zikaThixo. Uyakukukuthwalela kanye phezulu. Uyenyukela nje phezulu. Lonke ixesha ubhudla, siyakuphakamela ngasentla nangasentla, nangasentla nangasentla; de ungabisabanakho ukuva oku apha, “Tshata, tshata, tshata! Imihla yemimangaliso yegqitha. Igquba labaqengqeleki abangcwele.” Akusayi kwa ukuhoya koko. Uyakuba kude ngaphaya kwabo de ube ngaphandle kumgama wokubeva. Umphefumlo wakho uyakuphakanyiselwa kwindawo apho . . .

<sup>116</sup> Owu, ngokuqinisekileyo, uThixo usehlabathini Lakhe. Niyakukholwa oko, aninjalo? Owu, singachitha iiyure nje kulanto inye. Sifanele sitsibele kwenye. Niyakholwa uThixo usendalweni Yakhe? Ngoku, okulandelayo, uThixo useLizwini Lakhe. Ngoku uyabhekabheka ehlabathini kwaye uyakubona uThixo. Ngokuqinisekileyo, uyakubona. Ngoku uThixo usehlabathini Lakhe.

<sup>117</sup> Ngoku, uThixo useLizwini Lakhe. UThixo uyaligcina iLizwi Lakhe. Oko koko kwenza iBhayibhile ibe yeyenene. Oko koko kunokucela umngeni nawuphi ongenankolo, nawuphi ongakholwayo, nawuphi umMohamedi, nawuphi uBhuda, naliphi igqwirha, nawuphi umshologu, nayiphi enye into engenye, eGameni leNkosi uYesu, kwaye ulenze eli Lizwi liphile, ngokuba uThixo useLizwini Lakhe.

<sup>118</sup> Bendixoxa, ngenye imini, kunye ne—nelithile ibandla lobuhlelo elikholelwa ukuba—ukuba ibandla liyimpindulo, hayi iLizwi. Bathi babhala iBhayibhile. IBhayibhile yayiyi . . . yabe iyimbali yebandla labo. Waze wathi, “UThixo usebandleni Lakhe.”

Ndathi, “IBhayibhile yathi, ‘uThixo useLizwini Lakhe.’”

<sup>119</sup> “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama waze wahlala phakathi kwethu.” Injalo lonto. Waye eliLizwi likaThixo, iLizwi elithethiweyo likaThixo. Kwaye uThixo useLizwini Lakhe. Sonke isithembiso asenzayo uThixo, Uma ecaleni kwesithembiso Sakhe. Kuphela kwento ekufanele siyenze, yile, sithabathele iLizwi Lakhe ezintliziyweni zethu, kwaye singaLithandabuzi, kodwa silikholelwe, emva koko

uThixo wenza eLizwi (ntoleyo enguYe kwingaphakathi lakho) liya kusebenza kwaye lizalisekisa kwayona lonto athe Wayithembisa.

<sup>120</sup> Ingaba Yena uyenzile ku Abraham? Kutheni, u-Abraham, kwindoda emashumi amathandathu anesihlanu iminyaka ubudala, okanye, ngaphambi kwa ukuba, okanye, amashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, ngaphambi kokuzuza isithembiso. Kwaye wathabathela eLizwi entliziyweni yakhe waze waLigcina phaya kangangamashumi amabini anesihlanu eminyaka. Kodwa yavelisa kanye ngqo oko isithembiso sasikuko. Ingaba injalo?

<sup>121</sup> UThixo useLizwini Lakhe. Siyakwazi sonke oko. Akukho nantwana yeBhayibhile eZiphikisayo. Ndinike wonke ubani nantoni abayifunayo; ndishumayele iVangeli ndaza ndathabatha iminikelo yothando kangangonyaka, kwaye ndayinikeza, nentwana yayo, kwindoda engathabatha eLizwi likaThixo aze aLiphikise ngeLizwi likaThixo, kum. Injalo lonto. Ayikho phaya. Kwaye ndibe nawo lamceli mngeni iminyaka ngeminyaka; ndisathabatha eyam iminikelo yothando. Kuba, ayikho apha. Ungaba nokuthandabuza kakhulu kubukrelekrele bakho, ngokuba iBhayibhile i... UYesu wabulela uYise Wakhe ngo "kuYifihla emehlweni ezilumko nengqondi, wayityhila Yona kwiintsana ezinako ukufunda." Yabona, LiLizwi likaThixo.

ILizwi linjengeMbewu.

<sup>122</sup> Ngoku, uthabatha imbewu. Nina bantu apha kuLwandlekazi lwaseNtshonga, ningabalimi abakhulu. Ngoku, nithabatha umthi wenu wee-orenji. Ngoku, nithabatha umthi wenu wee-orenji, xa niqalisa ukuwufumana, yimbewu. Niwubeka emhlabeni, kwaye la mbewu iyakuvelisa umthi we-orenji. Ngokuqinisekileyo. Ngoku, leyo yindlela eyiyo. Ngoku, lomthi we-orenji, kuphela kwento oyenzayo ngokuya, xa nje imalunga nobungako ubude njengeyakho... i-intshi ubude. Andiyazi zingaphi izixa zee-orenji umthi oyakuzivelisa kwixesha lawo lobomi. Masithi, umzekelo, izixa ezingamakhulu amahlanu. Ngoku, kungaba ngaphezulu okanye ngaphantsi, andazi; kodwa yithi amakhulu amahlanu ezixa. Ingaba ubusazi ukuba yonke i-orenji eyakuze ibe kulamthi ikuwo xana nje umalunga ne-intshi enye ubude? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Ingaba ubusazi oko? Ngokuqinisekileyo, injalo. Iphi? Isuka embewini. Ngoku, kuphela kwento eyiyo, kukutyalwa, ibekwe.

<sup>123</sup> Kwaye ufanele utsale, ufunxa amanzi emhlabeni, ukuze wondleke. Kwaye ufunxa amanzi emhlabeni, kwaye kufanele usele ngaphezu komlinganiselo wawo. Kwaye lonke ixesha... 'kuba, kufanele utyhalele ngaphandle. Kwaye uyasela emanzini, utyhalele ngaphandle amasebe; usele amanzi amaninzi, utyhalele ngaphandle amagqabi; usele amanzi amaninzi, utyhalele ngaphandle ityatyambo; usele amanzi



amaninzi, utyhalele ngaphadle ii-orenji. Uqhubeke usela, uze utyhalele ngaphandle. Kodwa, kufanele usele.

<sup>124</sup> Olo luhlobo ikholwa elililo, lihlala kanye embindini weLizwi likaThixo. Amen! Kwaye ukuba linesidingo sayo nayiphi into, liyasela nje, lize lityhalele ngaphandle; lisele, lize lityhalele ngaphandle. Xa indoda izaliswe nguMoya oyiNgcwele, yonke into eyakuthi iyisebenzise ebomini bayo ikuyo kanye ngoko. Ewe, mhlekazi. Kuphela kwento efanele iyenze kukusela nokusela, nokusela nokusela, nokusela de siyifumane. Sityalwe kuKristu uYesu! Kwaye kutoliko lam ngaYe, Ungongenakupheliswa uMthombo woBomi. Oko koko ngokuchanekileyo endicinga Ukuko. Kwaye xa sityalwe kuYe, ungongapheliyo! Singatsala kuYe, ubulungisa, ubulali, ububele, umonde, amandla, impiliso, [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . isithembiso Awasinikezayo, kuba sityhalwe eMbewini yeLizwi Lakhe. Kwaye iyakuvelisa kanye ngokuchanekileyo oko uThixo athe Iyakuvelisa. YiMbewu, iLizwi.

<sup>125</sup> UThixo useLizwini Lakhe. Siyakukholelwa oko, asinjalo? Sonke kuthi siyakukholelwa. Uyabona uThixo ephendula. Kudala kwiminyaka egqithileyo, xa Wabaxelelayo ukuba benyukele, ePentekoste, babeyakwamkela uMoya oyiNgcwele. Iminyaka phambi koko, ku Isaya, Wathi, “Umthetho mawube phezu komthetho, umgca phezu komgca, intwanana apha naphaya intwanana. Bamblela kokuya kulungileyo. Imilebe ethintithayo kunye nezinye iilwimi ndiyakuthetha ngazo kwaba bantu, kwaye olu Luphumlo.” Yabona, wakuxela kwangaphambili, ngoko iLizwi Lakhe liza kanye ngaphaya kwaye lenziwa labonakala. Konke, uMesiya othenjisiweyo, ukusuka emezweni e-Eden, “iMbewu imele ityumze intloko yenyoka,” njalo njalo, iyenzeka. UThixo useLizwini Lakhe.

<sup>126</sup> Ngoku uThixo ukwindalo Yakhe, yithini “amen” ukuba niyayikholelwa.

[IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UThixo UseLizwini Lakhe. Niyayikholelwa, yithini “amen.” [“Amen”]

<sup>127</sup> Ngoku, uThixo kuNyana Wakhe. Ngoku, uThixo wayekuNyana Wakhe. “UThixo wayekuKristu, exolelanisela kuYe ihlabathi,” yilonto iSibhalo sikutshoyo. Yena, uThixo uyakwehla, aze ahlale emzimbeni, azalwe yintombi uMariya, kwaye uThixo wazibonakalisa yena ngoKristu; ukubonakalisa oko zazikuko iimpawu Zakhe—Zakhe, ukubonakalisa ukuba Wayethanda, ukubonakalisa ukuba Yena unomonde, ukubonakalisa amandla Akhe, ukubonakalisa nokuzibonakalisa Yena. UThixo wahlala kuKristu, exolelwanisela kuYe ihlabathi.

<sup>128</sup> Ndathetha nomfazi, apha ngexesha elithile elagqithayo, okanye wafuna uhoyo lwam. Wathi, “Mzalwana uBranham,” wathi, “Ndiyazincoma iintshumayelo zakho. Ndi, ndiyi . . . Ndiye ndabakhona kwimihlangano yakho.” Kodwa ngowebandla

elithile lehlelo elingakholelwayo ukuba uYesu wayeNgcwele. Waze wathi, “Kuhle, Wayengekho Ngcwele.” Ndaze ndathi... Wathi, “Uzama ukumenza Yena Ngcwele kakhulu.”

Ndathi, “WayeNgcwele.”

129 “Owu,” wathi, “mhlekazi, ndiyakuvuma ukuba waye Eyindoda elungileyo.” Kwaye andifuni kuvisa kabuhlungu iimvakalelo zakho; abanye babo abantu ngabahlobo bam ababalulekileyo. Bubukristu bobuNzululwazi. Waze wathi, “Yena, Yena akakho Ngcwele.” Wathi, “Ndiyakuvuma Wayengumprofeti, kodwa Wayengekho Ngcwele. Kwaye uzama ukumenza Yena Ngcwele.”

130 Ndathi, “Wayengo Ngcwele okanye oyena mkhohlisi mkhulu elakhe lanaye ihlabathini.” Injalo lonto. Ndathi, “WayeNgcwele. Wayengaphezu komprofeti. WayenguThixo phezu kwabaprofeti! Ngokuqinisekileyo.” Ndathi, “WayeNgcwele.”

131 Waze wathi, “Ngoku, uthe ube u ‘ngowokuqqa,’ kwaye uyasikholelwa iSibhalo.”

Ndathi, “Ndenza njalo.”

132 Kwaye wathi, “Ukuba ndiyaqondakalisa kuwe, ngeBhayibhile yakho, okokuba wayengeNgcwele Yena, ingaba uyakungqina ukuba ndilungisile?”

133 Ndathi, “Ewe, mhlekazi. Ukuba iBhayibhile ithe Wayengekho Ngcwele, ngoku ndiyakuyikholelwa iBhayibhile.” Ndaze ndathi, “Kodwa ndifanele ndibone iSibhalo.”

134 Wathi, “KuYohane, ngaphaya kuNgcl. Yohane, Yathi, ‘Xana uYesu wehlela engwabeni likaLazaro, Walila.’” Waze wathi, “Niyazi, ukuba WayeNgcwele, Wayengenakho ukulila.”

Ndathi, “Dade, ingaba kulapho usekelezele ingcinga yakho?”

135 Wathi, “Ewe, mhlekazi. Kwaye oko yinyaniso. Wehlela engwabeni likaLazaro, Walila; oko kubonisa ukuba Wayengekho Ngcwele.”

136 Ndathi, “Ingxoxo yakho ibhityile kunomhluzi owenziwe ngesithunzi senkukhu elambeke ukufa.” Ndathi, “Kulungile, wazi ngcono kunoko.”

137 Waze wathi, “Owu, Waye e—Waye e—Waye engumprofeti, Waye eyindoda elungileyo.”

138 Ndathi, “Wayengaphezulu kuno... UThixo wayengaphakathi kuYe. Wayeyindoda, kodwa Waye e—enguMntu ontlu-mbini. Omnye, Wayengumntu; uMoya ngaphakathi Kwakhe yayinguThixo!” Ndathi, “UThixo wayekuKristu.”

Wathi, “Ah! Hayi!”

139 Ndathi, “Jonga, nenekazi, ndiyakuthabatha iSibhalo esisesakho. Yena wayengumntu, kodwa Yena wayengumntu-

Thixo. Xana Wehlela engcwabeni likaLazaro, Walila njengomntu. Yinyaniso leyo. Kodwa xana Wemayo phaya, wolula loo magxa Akhe mancinci atsolo wawanyusa, waze wathi, 'Lazaro, phuma,' kwaye indoda efileyo, eyabe ifile iintsuku ezine, yabuyela ebomini, oko kwakungaphezulu komntu. Umntu abengenakho ukwenza oko. YayinguThixo kuNyana Wakhe."

<sup>140</sup> Wayengumntu xana Waphumayo entabeni, elambile, ekhangela into yokutya, ejonga ngqo emthini ukuze afumane into yokutya. Waye eyindoda xana Wayelambile. Kodwa xana Wathabatha iintlanzi ezimbini namaqebengwana amahlanu watyisa amawaka amahlanu oko kwakungaphezulu komntu. yayinguThixo kuNyana Wakhe. Ngokuqinisekileyo kwakunjalo!

<sup>141</sup> Wayengumntu xana Wayelele phaya kulamkhombe ngoba busuku, amandla ayemkile kuYe, de wabe Utyhafe kakhulu Wayengenakho... amaza akazange aMvuse, entsilwa kulamkhombe mncinci mdala, njengesikwana esincinci phandle phaya kulwandle olunamandla. Amawaka alishumi amademoni olwandle afunga ayakumtshonisa Yena ngoba busuku ngelixa Wayelele. Wayengumntu xana Wayesozela kwaye ediniwe. Kodwa xana Wabeka unyawo Lwakhe phezu kwentambo yomkhombe, wakhangela phezulu waze wathi, "Yithi cwaka, zola," yaze imimoya namaza amthobela Yena, oko kwakungaphezulu kwendoda. UThixo waye ekuNyana Wakhe! Ngokuqinisekileyo!

<sup>142</sup> Wayengumntu xana Wafayo phaya emnqamlezweni, ekhalela inceba. Wayengumntu xana Wafayo. Wakhala njengomntu, Waba nentlungu njengomntu. Kodwa ngentsasa yePasika xana Waqhekeza u... ukufa, isihogo, namatywina engcwaba, wavuka kwakhona; Ungaphezulu komntu, Wabonakalisa ukuba UnguThixo!

Ngokuphila, Wandithanda; ngokufa,  
Wandisindisa;  
Ekungcwatyweni, Wazithwalela kude izono  
zam;  
Ekuvukeni, Wandigwebela simahla  
naphakade;  
Ngenye imini Uyeza, owu, usuku oluzukileyo!

<sup>143</sup> UThixo waye ekuNyana Wakhe, exolelanisela kuYe ihlabathi. Uyakukholelwa oko? Ngokuqinisekileyo. UThixo wayekuNyana Wakhe. Ngokukhawuleza, ixesha lethu liyemka. Enye into engaphezulu. Thina... Ingaba uyamkholelwa uThixo kwindalo Yakhe? UThixo useLizwini Lakhe? UThixo Wayekunyana Wakhe?

<sup>144</sup> Ngoku, uThixo ebantwini Bakhe. Kulungile. Siyakubona ukuba ingaba Uyeza ehlele ebantwini ngendlela enye njengoko Wenzayo kwindalo. Abantu bayinxalenye yendalo Yakhe.

Ngokuqinisekileyo, banjalo. Ngoku qwalaselani, uThixo wayesebantwini Bakhe.

<sup>145</sup> Yayingubani kobunye ubusuku kwisiqendwana sethu, ku Eliya, xana usana oluncinci lwalufile kukutshiswa lilanga, kwaye lulele iiyure ngeeyure kumandlalo womprofeti, xana indoda, ebizwa “Eliya,” yaya emva naphambili, ukunyuka nokwehla umgangatho, yaza yabeka umzimba wayo kusana olufileyo, lwaza lwabuyela ebomini? Lowo yayinguThixo ebantwini Bakhe. Ngenene kwakunjalo.

<sup>146</sup> Yayingubani, xana oNgcwele uPetros, umpostile, umlobi ongazinto ngenene . . . IBhayibhile yathi, “Wayengazinto kwaye engafundanga.” Yayingubani, xana wahamba wehla ngezitrato, baze abantu babeka abagulayo esithunzini sala ndoda, kwaye baphiliswa? Ingaba yayiyisisithunzi sendoda esabaphiliso? YayinguThixo ebantwini Bakhe, owenza impiliso.

<sup>147</sup> Yayingubani koNgcwele uPawulos, xana bathabatha emzimbeni wakhe iitshefu okanye imibhinco, baze bayibeka kwabagulayo? UThixo wayesebantwini Bakhe. Bamqonda uThixo koNgcwele uPawulos. Ngokuqinisekileyo, bayenza.

<sup>148</sup> Yayingubani xa igquba lamancinci amagwala athandaza, athabatha iLizwi likaThixo anyukela ePentekoste? Babevale zonke iingcango, neefestile zivaliwe, kwaye babephaya ngaphakathi iintsuku ezilishumi. Ngesiquphe kwafika isandi sivela eZulwini njengesandi, somoya ovuthuzayo, waza wazalisa isakhwi apho babehleli khona, iilwimi ezabekayo zahlala kubo, njengomlilo. Kwaye baphumela ezitratweni, apho babekhe boyika, baphumela phaya, bashumayela ivangeli baqhubeka njengegquba labantu abanxilileyo. Yayiyintoni? UThixo ebantwini Bakhe. UThixo enyakama phakathi kwabantu Bakhe.

<sup>149</sup> UThixo ungaphakathi kuwe. UThixo, uMoya oyiNgcwele, ungaphakathi kuwe, unyakama khona ngoku, uxolelanisela kuYe ihlabathi.

<sup>150</sup> Yintoni eyenza aba bakhuthazekileyo abalungiseleli bashumayeke iVangeli? Yintoni eyabenzayo? Mhlawumbi, ngaxesha lithile, amanxila; ngaxesha lithile, abangcakazi; ngaxesha lithile, abantu abangalunganga; ngesiquphe, into ethile yaguquka! Kwaye naba apha bemile, beshumayela iVangeli kwaye benikezela ngobomi babo. Abanye babo, phantse, baphile nje ngokuhluphekileyo kunokuba benokwenza. Xana babengosomashishini kwaye benakho ukuba zizityebi, bakhwele kwezinkulu imoto kwaye nobumnandi, kodwa bayinikezela baze banikezela ngabo. Kutheni? UThixo usebantwini Bakhe, exolelanisela kuYe ihlabathi. UThixo usebantwini Bakhe.

<sup>151</sup> Yintoni eyabetha umfazi omncinci okanye indoda encinci, yaze yavuka, kwaye ubuso bayo bakhanya njengekhandlela, kwaye yathetha ngelwimi engazi kwanto malunga nalo,

kwaye omnye wavuka phantsi kwentumakalelo ekwanye waza waninkeza umyalezo ebandleni Lakhe? UThixo ebantwini Bakhe. Amen.

<sup>152</sup> Yintoni eze kweli qonga, umhlangano emva komhlangano, ize yenze imimangaliso ekwaminye awathi uYesu wayenza xana Wayelapha emhlabeni? NguThixo ebantwini Bakhe. Akukhathaliseki iyakuba kangakanani kum, ifanele ibe kuwe, nawe. Ngokuba, ayisayi kusebenza nje ngam ngokunokwam. Ithabatha wena kunye nam ngokuhlangeneyo, ukuyenza. Injalo lonto.

<sup>153</sup> Sonke kuthi sihlangene, uThixo ungaphakathi kwethu sonke! UThixo, akakho kuphela eWisile okanye eBhaptizi, okanye ePentekoste okanye eRhabe, kodwa uThixo kulo lonke ikholwa elamkelayo uMoya oyiNgcwele. Lowo nguThixo, uMoya oyiNgcwele, ebantwini, exolelanisela kuYe ihlabathi.

<sup>154</sup> Qaphela indlela Enza abantu bayikholelwe. Ngezinto ezinye Awanzayo kwabo kuqala ePentekoste, Uyayenza namhlanje, indlela ekwanye. Bamkela uMoya oyiNgcwele ngohlobo olunye, imiqondiso eminye nezimanga zalandela.

<sup>155</sup> UThixo ehlabathini Lakhe. Ingaba niyakukholelwa oko? UThixo eLizwini Lakhe. Ingaba niyakukholelwa oko? UThixo ukuNyana Wakhe. Ingaba niyakukholelwa oko? UThixo usebantwini Bakhe. Ingaba niyakukholelwa oko? UThixo enyakama kuko konke!

<sup>156</sup> Ngoko ke wathi uFilipu, “Sibonise uBawo, kwaye oko kuyakusonelisa.”

<sup>157</sup> Ndonelisekile namhlanje okokuba ndingambona uThixo ndaweni yonke endiyijongayo! AndiMboni kuphela, kodwa ndiyamva Yena ngokuvakalelwa kwaye ndiyayazi Yena ulapha! Njengembongi yathi, “Uyandibuza ukuba ndazi njani ukuba Yena uyaphila, Yena uphila ngaphathi entliziyweni yam.” Ndibukela uMoya Wakhe ndize ndiwubone Wona undikhuthaza, undinyakamisa. Uyakhuthazwa yinto Ethile, uMoya oyiNgcwele. UThixo ulapha namhlanje, zihlobo. UThixo ulapha.

<sup>158</sup> Yena usendalweni Yakhe ngaphaya, ihlobo nobusika, amagqabi, iityatyambo, iintaka, izilwanyana. Usekutshoneni kwelanga, ukuphuma kwelanga. Ukwinkqubo yelanga. Undaweni zonke! UThixo usendaweni zonke! Usendalweni Yakhe.

<sup>159</sup> UThixo useLizwini Lakhe. Nabani uyakuthabatha iLizwi Lakhe, nasiphi isithembiso...Mandiye kokushicilelweyo ngokutsho oku. Ukuba uyakuthabatha isimilo sokucinga ngokulungileyo nakwesiphi isithembiso esiNgcwele sikaThixo, iyakuyenza yenzeke. Yilonto endiyicingayo malunga neLizwi Lakhe. Uthabatha nasiphi isithembiso esiLapha, kwaye

uthabatha isimilo ngokucinga lungileyo, uThixo uyakuyenza yenzeka kuwe. UThixo UseLizwini Lakhe.

<sup>160</sup> Thixo ukuNyana Wakhe. WayeNgcwele. UnguNyana kaThixo. Ndiyakukholelwa oko ngako konke okukum. Ndiyayikukholelwa. Ewe, mhlekazi. Wayengekho ngaphezulu. . . Wayengumprofeti. Ngokuqinisekileyo, Wayengumprofeti, Wayengumshumayeli, Wayengumculi. Waye—WayenguThixo, uThixo ebonakaliswe enyameni. UThixo wehlela enyameni, ukuza kuxolelanisela kuYe ihlabathi. Ngoko laa Nyana umangalisayo kaThixo wafa. Kwaye, xana Wafayo, Wanikela ngobomi Bakhe. Wavuka kwakhona ngePasika, kwaye uThixo wawuvusa umzimba Wakhe waze wawubeka kwicala Lakhe langasekunene, wathumela uMoya oyiNgcwele emva ukuze uqhubeke ukubonakalisa Yena phakathi kwabantu.

<sup>161</sup> Kwaye okwamnye uMoya wawukuYesu Kristu uphakathi kwethu namhlanje, ebonakalisa Yena ngokuqhubekekayo ebantwini, ngemiqondiso ekwaminye, izimanga ezinye, unika abantu uMoya oyiNgcwele okwamnye, uthetha kwangohlobo olunye lweelwimi, unikeza uhlobo olunye lotoliko, ukubona imibono, ukuphela ngaphandle, ukuphilisa abagulayo, nje ngokuchanekileyo ngokufana nawakwenzayo Yena ekuqalekeni. UThixo usebantwini Bakhe!

<sup>162</sup> Kutheni sijonga ngoko, “Sibonise uBawo kwaye kuyasanelisa”? Siyambona uBawo. Siyambona uBawo.

<sup>163</sup> Xana ndi—xana ndijonga phandle apha ndize ndibone ukutshona kwelanga, ndibona uBawo. Xana ndibona ukuphuma kwelanga, ndibona uBawo. Xana ndisiva isikhalo esingqwabalala sesilwanyana, ndibona uBawo. Xana ndibona ezotyatyambo zityatyamba, ndibona uBawo. Akwenzi njalo?

<sup>164</sup> NdiyaMbona eLizwini Lakhe. Lonke ixesha ndithabathela kwisithembiso iLizwi Lakhe, ndibona uBawo.

<sup>165</sup> Ndjonga kuYesu, ndibona uBawo ezivakalisa Yena ngoNyana.

<sup>166</sup> Ndjonga ebantwini Bakhe, ndibona uBawo; bona Yena esebenza phakathi kwabantu Bakhe, ezivakalisa Yena, eqhubekeka. “Ndibonise uBawo”? Nanku Yena elapha ngale mvakwemini, esebenza phakathi kwabantu Bakhe, ebantwini Bakhe, ngabantu Bakhe, phezu kwabantu Bakhe. Haleluya! UThixo ebantwini Bakhe.

<sup>167</sup> Masithandazeni. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] Udumo malube kuThixo! Ingaba niyamthanda Yena? Kulungile.

<sup>168</sup> Ndiyakholwa uBilly undixelele amashumi amahlanu okuthandazelwa. . . Kulungile. Ikhadi lokuthandazelwa isinye. Phakamisa isandla sakho, kanye ngokukhawuleza, ukuze sibone ngoku, size sifike kumgca wokuthandazela msinya. Sizakubona into ethile isenzeka. Ndi. . . Ingaba ulindele yona?

Ikhadi lokuthandazelwa isinye, ngubani onalo? Eli nenekazi apha, unekhadi lokuthandazelwa isinye? Ndibuzisa ngekhadi lokuthandazelwa isinye. (Ngowuphi—ngowuphi umbhalo ebi inguwo?) E.

<sup>169</sup> Ikhadi lokuthandazelwa u-E, inani isinye, phakamisa isandla sakho. Inani isibini. Kulungile. Inani isithathu, inani isine. Yiza kanye ngapha, uyakuza? Inani isihlanu, isithandathu, isixhenxe. Kulungile oko, phakama. Nje ngokuba ndibiza, phakama. Isixhenxe, isibhozo, isithoba, ishumi, ishumi elinanye, ishumi elinesibini, ishumi elinesithathu, ishumi elinesine, ishumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu, ishumi elinesixhenxe, ishumi elinesibhozo, ishumi elinesithoba, amashumi amabini, amashumi amabini ananye, amashumi amabini anesibini, amashumi amabini anesithathu, amashumi amabini anesine, amashumi amabini enesihlanu, yimani nje umgeca ngoku.

<sup>170</sup> Bangaphi abangenawo amakhadi okuthandazelwa, phakamisani izandla zenu. Ingaba niyakholwa uThixo usebantwini Bakhe? UThixo okwamnye owahamba eGalili, kuYesu Kristu, niyakholwa Yena ulapha namhlanje, kuni, uMoya okwamnye wawukuYesu? Ungozelwe yintombi uNyana kaThixo; kwaye niingonyana abamkelweyo, nguYe. UMoya okwamnye wawukuYe, ukuni. Kulungile.

<sup>171</sup> Amashumi amabini anesihlanu, amashumi amabini anesithandathu, amashumi amabini anesixhenxe, amashumi amabini anesibhozo, amashumi amabini anesithoba, amashumi amathathu, mabaze abo. Sibabiza bona ngolwahlobo ukuze singabe nengxinano, niyazi, ukuzulazula kangakho. Kulungile, amashumi amathathu, amashumi amathathu ananye, amashumi amathathu anesibini, amashumi amathathu anesithathu, amashumi amathathu anesine, amashumi amathathu anesihlanu, amashumi amathathu anesithandathu, amashumi amathathu anesixhenxe, amashumi amathathu anesibhozo, amashumi amathathu anesithoba, amashumi amane. Injalo lonto, yehlelani nje phaya kwaye bayakunifaka kanye emgqeni. Ukuba akunakho ukushukuma, kutheni, yazisa umntu othile, bayakukuthwala.

<sup>172</sup> Ngoku, bangaphi abangenamakhadi okuthandazelwa, phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndifuna uThixo andiphilise ngale mvakwemni.” Andikhathali ungubani, usukaphi, nantoni, yithi nje, “Ndifuna uThixo andiphilise. Ndiyakholwa.”

<sup>173</sup> Kulungile, amashumi amane ukuya kumashumi amahlanu, mabeze. Wonke ubani onekhadi lokuthandazelwa, phakamani nize ngapha ngoku, nina abanamakhadi okuthandazelwa. Sizakulinda nje imizuzu embalwa size siqalisa kwangoku emgqeni, ukuthandazela abagulayo.

<sup>174</sup> Ngoku, sifanele sigqibe kwelandelayo imizuzu elishumi elinesihlanu, ke sinyamezeleni kancinci, kwaye ndithandaze ngako konke okungaphakathi kuni. Ngoku ndifuna nijonge ngale ndlela, ngamnye kuni ngoku. Ngoku khumbulani . . .

<sup>175</sup> Ingaba kukhona nabani ongaziwayo apha ongazange abe komnye wemihlangano ngaphambili? Kukho abambalwa, jonga nje. Sivuya kakhulu ukuba nani. Sithemba ukuba niyaku—kuqhubeka koluhlobo lwenkonzo, oko kukuthi, apho uMoya oyiNgcwele. . . Ukuba a—kulolungu lebandla elithile eliyiVangeli egcweleyo, kwaye ngokwendalo, siyakunicela, ukuba niyaluthanda uhlobo lwenkonzo apho uMoya oyiNgcwele ungenayo kwaye unyakame. Jonga kwaba balungiseleli apha, ba—bahlala kuso sonke esi sizwe apha, kwaye baya . . . (Enkosi, dade.) Baya—bayakuvuya ukubanani ebandleni labo.

<sup>176</sup> Ngoku ndifuna ukutsho oku, ukuba wonke umntu othe waguqulwa kule veki, wonke umntu othe waguqulwa apha kule veki, ngoku, jonga kweli gquba labalungiseleli, ba—bamele into enye endiyenzayo. Asinayantlukwano konke konke. Ngokugqibeleleyo siyinto enye. Siyakholelwa kwiVangeli egcweleyo, ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, zonke ezi zinto. Bonke aba balungiseleli apha, sonke nje siyinto enye. Kwaye sifuna nina nijoyine amabandla abo ukuze niqhubekeke. Ngoku bona bayi. . . UmSamariya olungileyo uye weza, wagalela i-oli enxebeni. Kodwa ukuthabathile ngoku, kwaye ufuna uye kwenye yezindlu eziqeshiswayo apha, eyona ikufutshane kuwe. Sele emhlawule umalusi ukuba akukhathalele, ke yena uhlawulwe; wamkela uMoya oyiNgcwele, wafumana iintsikelelo zikaThixo, nempilo, nesityhilelo, anganakho nje ukondla umphefumlo wakho! Ke yiza ngoku uze ujoyine elinye lamabandla, kwaye iya—iyakuba yeyona nto ingcono onokuthi uyenze ukugcina umoya wakho wondlekile kwaye uqhubeka. UThixo abe nani.

<sup>177</sup> Ngoku, asibangi ukuba siyiyo nayiphi into kunomzalwana wakho. Ngoku, ukuba uXhwilo luyafika namhlanje, kwaye uThixo uyakuthabathela ekhaya abo bafanelekileyo kuqala, ndiyakuba ngowokugqibela ukushiya iqonga. Injalo lonto. Ndazalelwa ngaphandle kwexesha. Nda. . . Xana nina, isininzi senu balungiseli bamaPentekoste apha, badala kunam, kwiminyaka eyagqithayo babephandle apha estratweni, beshumayela, xa intshutshiso yayinzima, nanityeneneza indlela endibaleka phezu kwayo. Nanixelela abantu ukuba ezi zinto ziyakwenzeka. Kwafuneka nigawule kuzo zonke iintlobo zamahlahla nezinto, phezu kwazo zonke iifumba zamatye. Yabona? Mna nje ndilusana. Kwaye nini, ningabazalwana aba—abazisa oku. Ningabazalwana noodade abenze ezi zinto. Nazithetha ebantwini, naza nabaxelela ukuba iyakuza. Nabeka isiseko. Omnye u. . . ubeka isiseko, omnye ngumchweli, omnye yiplamba, omnye ngowombane. Indlu kaThixo iyamiswa. Yabona? Kwaye ngoku njengoko siqhubeka, kwaye ngamnye



unendawo yakhe. Kwaye ngoku si—sifuna nina bantu nihlonele kwaye nihloniphe abazalwana bethu nala mabandla. Kwaye nivumele uBukumkani bukaThixo bukhule kwaye bande ngokuqhubekeka, ngumthandazo wethu.

<sup>178</sup> Ngoku, andinakho ukuphilisa. Impiliso sele yahlawulelwa ngoMoya oyiNgcwele. Bangaphi abakwaziyo oko? UKristu wakwenza eKhalvari. Kuphela kwento, anokuthi mhlawumbi la madoda apha, bangabalungiseleli, anokuthabatha iLizwi likaThixo. Andiyi...Andiyikukhe ndime phambi kwayo ngeLizwi likaThixo, kwaye ndenze nanye into echaseneyo; ngokuba, abiziwe, eso sisikhundla sawo, ayashumayela, ayayazi into athetha ngayo. Ke ndiyamamela nje koko akutshoyo, ndize ndithe “amen” ndize ndiqhubeke, kuba anga—angamadoda kaThixo. Ndiyawalandela, kwaye ndiyafumanisa ukuba aseBhayibhileni, kwaye exela iNyaniso.

<sup>179</sup> Kulungile, ngoku, andikho kangako ukushumayela. Kodwa isipho sam sisipho sokubona. Oku yi...UYesu wayengushumayeli. Yena kananjalo wayeyimboni. Kwaye kweyam indawo, ekubeni koko ndingenayo eyoneleyo imfundo yokushumayela, kodwa ndinesipho sokubona izinto, ndichaze ngaphambili kwaye ndichaze kwantlandlolo.

<sup>180</sup> Kuba, eBhayibhileni, Ithe, “Kwakukho abapostile abathunywayo, abaprofeti, abavangeli, abefundisi, abelusi, bonke aba besenzela ukusulungekisa iBandla.” UThixo wabathumela eBandleni. Ngoku, kukho ezilithoba izipho zomoya, ezokuba singabeka izandla, nanjalo njalo, kwaye sithandaze ngokunyameka ezona zipho, size sibonakalisa ngolohlobo. Kodwa ezi zizezinye zezipho zikaThixo ezamiselwa kwangaphambili, uThixo uzibeka eBandleni.

<sup>181</sup> Kwisigaba esizayo, Yena...UYohane umBhaptizi, wayengunozakuzaku okhethekileyo wesa sigaba. UThixo wambekela yena nje ukwenza la msebenzi. Niyakukholelwa oko? Ngokuqinisekileyo, Wayenza. UYesu wathi, “Ingaba naya kubona umprofeti?” Wathi, “Ongaphezulu komprofeti.” Yabona? UYohane wayengakwazi oko, kodwa uYesu wakwazi. Yabona?

<sup>182</sup> Kwaye uYeremiya, ngaphambi kokuba azalwe, wathi uThixo, “Ndakwazi, ndakungwalisa, ndakumisela ukuba ube ngumprofeti wezizwe.” Yinyaniso leyo, ayiyiyo?

<sup>183</sup> Ngoku xana uYesu wayelapha emhlabeni, Wathi, xana Wayesimka, Wathi, “Ixeshana elincinci, lize ihlabathi...” Musani ukulibala oku, zihlobo ezingamaKristu. “Ixeshana elincinci, lize ihlabathi lingabisaNdiboni; kodwa nina niyakuNdibona, kuba Ndiyakuba nani, kuni, de kube sekuphelisweni kwehlabathi.” Ingaba Wakutsho oko? Uyakuba nathi kude kubesekuphelisweni kwehlabathi. IBhayibhile itshilo ukuba “UsenguYe izolo, namhlanje naphakade.” Oko kuthetha, “okukwakunye kumqathango, okukwakunye

emandleni.” Kuphela kwento eyahlukileyo kuYesu namhlanje emhlabeni, kunoko Wayekuko ngoko, namhlanje Ulapha kwimo kaMoya oyiNgcwele. Umzimba Wakhe wenyama uhleli kwisandla sasekunene sikaThixo eZulwini. Ngenye imini Uyakuza, kwaye abo bakuKristu bayakuvuka bahambe naYe. Yabona? Koko sikhangelana kona, ngala mhla. Kodwa uMoya Wakhe, kunye nalo lonke igunya laWo nokubonakaliswa, unikezelwe eMzimbeni wamakholwa kwihlabathi lonke.

<sup>184</sup> Ngoku, le Ngelosi yeNkosi: ukuba ayenzi kwaye yenze imsebenzi ekwaminye awathi wayenza uYesu, ngoko asingoMoya owawukuYesu, kodwa ukuba *Yenza* imisebenzi ekwaminye ayenzayo uYesu! Ngokuba Wathi, “Lowo ukholwa kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna, uyakuyenza naye kanjalo.”

<sup>185</sup> Niyayazi iBhayibhile ithi, isahluko esikwasinye, uYohane i-14, “Imisebenzi endiyenzayo Mna, niyakuyenza nani kananjalo; kwa *nemiminzi* kunale iyakuyenza, kuba ndiyemka ndiya kuBawo.” Ndiyayazi uKumkani uJames uyibeka “mikhulu.” Ayinakuba mikhulu; eyemvelo ithi “ninzi.” Kuba, Wamisa indalo, Wavusa abafileyo, kulungile, nje yonke into. Akunakwenza okungaphezulu kunoko Wakwenzayo. Kodwa iBandla liyakwenza emininzi yayo, ngokuba, ngelixa sinomhlangano apha, banomhlangano e-Afrika, banayo eBrazil, banayo kwihlabathi jikelele, yabona, kuba ingabamininzi. UThixo wabonakaliswa kuMntu omnye ngoko, uNyana Wakhe uYesu; ngoku Ubonakaliswe eBandleni Lakhe, zwelonke. Kodwa uMoya okwamnye usenza imisebenzi ekwaminye! Ngenye imini . . .

<sup>186</sup> Kuni nina abanamakhadi okuthandazelwa. Ngoku, ingaba kukho elinye ikhandi lokuthandazelwa kwi-kwisihlewele? Ukuba kukho i, kufuneka ungene emgceeni. Nina bangemakhadi okuthandazelwa, bekukho umfazi . . .

<sup>187</sup> Masithi—masithi ingoluhlobo, ayifundeki ngoluhlobo, kodwa umfazi ngelinye ixesha wayenengxaki yegazi, kwaye wayengazi wayezakufika njani kuYesu. Kodwa wathi, “Ukuba ndingachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, ndiyamkholelwa Yena, ndiyakuphiliswa.” Bangaphi abakhe balifunda ela bali? Kutheni, ngokuqinisekileyo, sayenza.

<sup>188</sup> Kwaye, ngoku, wanyebelezela esihlweleni, waze wanyebeleza wagqitha zonke izigxeko, waze wachukumisa ingubo Yakhe. Ngoku, ingubo yasePalestina iyajinga nje, kwaye babenempahla yangaphantsi. Ngoku, zange eve Yena ngokwasemzimbeni, kodwa Wathi, “Ngubani oNdicukumsileyo?” xana waMchukumisa waza wabuyela emva esihlweleni. “Ngubani oNdichukumisileyo?”

<sup>189</sup> Kwaye, kutheni, uPetros waMkhalimela, wathi, “Nkosi, kutheni Uyakutsho into enjalo ngaleyo? Kutheni, wonke

umntu uyakuchukumisa Wena, kwaye uthi Wena, ‘Ngubani oNdichukumisileyo?’” WaMkhalimela, iBhayibhile yatsho.

<sup>190</sup> Wathi, “Kodwa ndiyakholwa ukuba ndibuthakathaka, amandla amkile kuM.” Kwaye wabhekabheka ndawo yonke ngaphaya kwisihlewele de Wafumana umfazana omncinci. Kwaye wathi kuye, “Ukhohlo lwakho lukusindisile.” Wayenethombe legazi. Niyakukhumbula oko? Ngoku, bangaphi . . .

<sup>191</sup> Qaphela, ababefundisi apha, nonke ningabelusi. Abafundisi abangabazalwana, iBhayibhile itshilo ukuthi “UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade.” Ingaba injalo? Kwaye iBhayibhile itshilo ukuthi “Yena nguMbingeleli Omkhulu, ohleli kwisandla sasekunene sikaThixo ngoku, esenza izingxengxezo kuvumo lwethu.” Yena nguMbingeleli Omkhulu onokuchukunyiswa zimvakalelo zezilwelwe zethu. Ingaba injalo? Yabona oko? UMbingeleli Omkhulu. Ngoku, ukuba isenguye izolo naphakade, uhlobo olunye lochukumiso luyakuzisa iziphumo ezikwazinye. Ingaba injalo?

<sup>192</sup> Ngoku ujonga kuYe. Ungamchukumisa njani Yena? Ngokhohlo lwakho. Fikelela uze uthi, “Nkosi Yesu, ndinesidingo ngokuzilahlela.”

<sup>193</sup> Phulaphulani. Buzani oku. Sukuthandazela isiqu sakho; thandazela omnye umntu ongomnye. Masiyithabathe ngala ndlela. Hayi njengesiqu sakho; thandazela omnye umntu othile. Wanga uMoya oyingcwele angajonga koko. Thandazela nje omnye umntu ongomnye. Abanye babenu enibathandayo, okanye umntu othile omaziyo usendaweni ethile, okanye into ethile enjengaleya, thandazela okuya. Jonga, ukwazi ube uyakuyazi . . . okokuba akud- . . . Abadingeki ukuba babe lapha. UThixo uyawuva umthandazo. Uyakwazi othandaza malunga nako.

<sup>194</sup> Bangaphi esakhiweni abangaziwayo kum, endingazinto malunga nani? Phakamisani isandla senu. Enkosi. Ndiyaqikelela, wonke umntu. Ezantsi ngalo mgca wokuthandazelwa, wonke ubani kuni uyayazi, niyayazi ukuba ndingongaziwayo kuni, phakamisani isandla senu. Andinazi.

<sup>195</sup> Ngoku, niyaqonda, ukuba uchukumiso olunye olusuka kumfazana omncinci lwenza uYesu Kristu uNyana kaThixo abebuthakathaka, amandla amka kuYe (*isidima* nga “mandla”), yintoni la mgca oyakuyenza kum, umoni osindiswe ngobabalo? Yabona, nalo utoliko lwakho, “*Mininzi* kunale niyakuyenza.” Yabona? Nantso ke. Ngoku, ukuba kufanele ndithabathe isiqingatha salamgca wokuthandazelwa, kucalulo, mhlawumbi bayakundithwala ukundikhupha. Indenza ndibe buthakathaka nje. Kukho into ethile malunga nayo. Andinakho ukwenza konke okuya. Kodwa ndingathandazela ngamnye. Koko ukufunayo, kakade, akunjalo bafondini?

<sup>196</sup> Ukubeka izandla. Ngoku, uYesu, Akazange athi, “Bekani izandla nithandaze.” Wathi, “Le miqondiso iyakulandelelana

nabo bakholwayo, ukuba babeka izandla kwabagulayo.” Zange athi “babathandazele”; nje “beka izandla kubo.” Ulungelelwano lokuthandazela lolu, “Biza amadoda amakhulu alo ibandla, mabakuthambise nge-oli baze bathandaze phezu kwabo,” oko kokwebandla. Kodwa isipho sobuvangeli sempiliso nje sesoku “beka izandla kwabagulayo.” Siyakwazi oko. Hayi “ukubathandazela”; “Beka izandla kubo, le miqondiso iyakulandela!” Ngoku, kodwa okokuba i . . .

<sup>197</sup> Masibone, ngubani u . . . Mzalwana uBorders, ngubani? Kulungile. Nje ukuze uMoya oyiNgewele abe nokuqalisa, kunye nokunyakama phakathi kwethu.

<sup>198</sup> Ngoku, jongani, andifuni namnye ayaluzele. Ncedani, ngoku, ndaweni yonke, zolani ngenene, hlonelani. Ngoku, ndithetha, xana uMoya oyiNgewele esenza nantoni, nifuna ukudumisa Yena, kulungile oko, kufanele nikwenze oko. Kodwa sanukuyaluzela. Hlalani ngenzolo. Kuba, ngamnye kuni ungumoya. Kwaye emva koko intambiso kaMoya oyiNgewele iyeza, ithi, umntu othile emva ngaphaya ngasemva phaya esithi, “Andazi nokuba okuya kulungile,” ndiva ngokuvakalelwa kanye apha. Umntu othile emva kude phaya esithi, “Yitsho, John, uyamazi u*Sbani-bani* no*Sbani-bani*? Bendigu *sbani-bani*.” Yabona, oko kuyangenelela.

<sup>199</sup> Yabona, ngokuba, ukuba omkhulu uMoya woBomi obunguNaphakade ukunye nathi, kwaye Udenze nathanjiselwa into ethile, ngoko ndiyakuyiva ngokuvakalelwa njengokubetha kwentliziyo. Yabona, nina . . . Leyo yindlela e—endiyifumana ngayo yona. Yabona, niyaMchukumisa. Kwaye ngako okuya, xana nithandaza kuYe, igwiba lenu nokholo luyaMchukumisa; ngoko Yena nje . . . ndiyazinikezela nje, emva koko Athethe, kwaye aqalise ukundixelela. Ngoko yibani ngumgwebi wokokuba ilungile okanye hayi.

<sup>200</sup> Ngoku ukuba Yena uyakwenza oku ukwenzela ixesha lokugqibela, ngoku siyemka, silungiselela kona, umhlango lungeniselela ukuvala kwimizuko embalwa elandelayo, bangaphi abayakuthi, “Ndiyakuyamkela ngentliziyo yam yonke, kwaye ndikholwe nantoni endinesidingo sayo”? UThixo anisikelele ngoku.

<sup>201</sup> Bawo waseZulwini, ezandleni Zakho ndinikezela esi sihlwelwe. Ndithabathele wonke umoya apha phantsi kolawulo lwam, ukwenzela intlonipho nozuko lukaYesu Kristu. Ndikucela eGameni Lakhe. Amen.

<sup>202</sup> Ngoku, inenekazi apha, ndiyakholwa (nje liphakamise nje isandla salo) okokuba lalingongaziwayo ngokupheleleyo kum. Andilazi. Mhlawumbi ixesha lethu lokuqala esakhe sasondelelana kunye, ngaphandle sagqithana ndaweni ithile estratweni ndaweni ithile. Kodwa uThixo uyasazi sobabini. Ngoku ukuba . . .

<sup>203</sup> Ngoku qaphelani, zihlobo. Apha ngumfanekiso namhlanje kaYohane oNgcwl. Isi-4, umfazi kunye nendoda bedibana ityeli labo lokuqala; UYesu kunye nomfazi waseSamari. Ngoku, andingoYesu, naye engengomfazi waseSamari, kodwa sesinye isigaba. UMoya Wakhe okwamnye ulapha. Umfazi umile apha, angabe ngumgxeki, angabe ngumKristu, angabe ngumlinganisi, angabe udinga imali, angabe umele umntu othile ongomnye. Andazi. Andinakho nje ukunixelela. Kodwa uThixo uyayazi. Ngoku ukuba Yena uyakuma aze andixelele, kwaye amenze abe ngumgwebi, ukuba Yena uyakundixelela, ngokuchanekileyo, into ethile malunga naye! Ukuba ndi . . . kukho nantoni malunga naye, bendingayi kuyazi. Kodwa ukuba Yena uyakundixelela into ethile malunga naye, makabe ngumgwebi.

<sup>204</sup> Ngoko, kuhle, ukuba kulungile, niyazi iyakufanela ibe ivela kuhlobo oluthile lwamandla. Ingaba injalo? Olunye . . . Kuhle, ngoko ungawabeka koluphi udidi laMandla? Kukushumayela iVangeli, ukuphakamisa uYesu Kristu, ukubizela esiguqweni aboni, ukuphilisa abagulayo nabaxhwalekileyo, hlobo luni loMoya, hlobo luni lweziquhamo oyakuthi laMoya uzithwale? Uhlobo olunye lweziquhamo awathi uYesu Kristu wazithwala, ngoMoya kaThixo kuYe. Ingaba injalo? Iyakuba nguMoya wobuKristu. Kakade, iyakuxhomekeka kuwe ukwenza ukhetho lwakho, loluphi.

<sup>205</sup> Kodwa iyakuba nguThixo kuwe, ayiyi kuba yiyo? [Umfazi uthi, “Ewe, iyakubanjalo”—Mhl.] Ewe. Kuba, yena ngumKristu.

<sup>206</sup> Ngoku, ndaze njani ukuba yena wayengumKristu? Kuba ndiwuva uMoya wakhe, yabona, kanye ngoku, nje ngokufana nokubetha kwentliziyo ingena, ngokufana nokuphuma, phew, phew, phew. Kwaye ndiyawazi uMoya kaThixo ophezu kwam, lowo uyandithambisa ngoku, oqondayo ukuba lowo ngudade wethu. Kwaye andizange ndambona, noko ndiyamazi nguye. Yabona, inje ngokufana nento ethile ngokufana *noku*. Ihamba ngokuhlangeneyo. Umoya wakhe kunye noMoya ondenza ndathanjiswa.

<sup>207</sup> Bangaphi abawubonileyo umfanekiso wokuya weNgelosi yeNkosi? Banayo, owu, banayo apha ndaweni yonke, bakwihlabathi lonke. Khumbulani, ndinixelela oku. INgelosi yeNkosi eniyibonayo emfanekisweni, iNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana bakaSirayeli, eyenziwa inyama yaza yahlala phakathi kwethu, isuka kuThixo yaza yaya kuThixo, ibuyela emva kwimihla yokugqibela ukwenza umsebenzi Wayo, igqibezele uBukumkani, ilapha kanye ikwii-intshi ezintandathu apho ndimi khona. Ngoku khumbulani oko. Onjani umceli mngeni! Kodwa ndiyamkholwa Yena. Uyayazi. Ndiyayazi ukuba Akazange wasilela.

Ngoku ukuba iNkosi iyakutyhila kum into ethile malunga nawe, dade.

208 Kwaye kuni enikumgca wokuthandazelwa, ngoku nje yibani ngabalindeleyo, kuba andifuni kuma ngenxa yocalulo kuyo konke konke, kuba lona . . . bendingenakho ukuyenza. Kodwa lindela nje, yiba ngokholwayo.

209 Ngoku, ukuba ndinganakho ukukunceda, kwaye ndingayi kukwenza oko, ngoko ndiyakuba ngokhohlakeleyo, andifaneli ndimile apha kule pulpiti; olwa hlobo lomntu, ngokuqinisekileyo hayi. Kodwa bendishumayela nzima. Kwaye ndilindele nje ithuba, ukwenza incoko kunye nawe.

210 Kanye ngohlobo iNkosi yethu yenzayo kumfazi equleni, Yathi, “Ndiphe ndisele.” Yabona? Wayesenza ntoni Yena? Ukubambisa umoya wakhe, yabona into—into eyayiyinxaki. Emva koko Yena wafumanisa ingxaki yakhe, Wamxelela into eyayiyiyo ingxaki yakhe. Uyakhumbula yayiyintoni? Wayenabayeni abahlanu; kwaye eyesithandathu, yayiyiyo, kuba wayenabahlanu kwaye leyo wayehlala nayo ngoko yenza abayeni abathandathu.

211 Kwaye—kwaye xana Wamxelela apho yayikhona ingxaki yakhe yayikhona, ngokuba, wathi, “Mhlekezazi, ndiyaqonda ukuba Wena ungumprofeti.”

212 Yabona, a—a—abaFarasi babesandula kuthi, “Wayengumvumisi, umtyholi.” Wabaxelela ukuba wayeyakubaxolela ngoko. Kodwa xana uMoya oyiNgewele efika, ukuzokuyenza, ayisokuze ixoleleke, ukuthetha ngokuchasene naWo.

213 Ke, kodwa wathi, “Ndiyaqonda ukuba Wena ungumprofeti. Kwaye siyayazi (thina maSamari, siyalazi iLizwi), siyayazi xana uMesiya efika, Obizwa uKristu, Uyakusixelela zonke ezi zinto.” Yabona, wayesazi ukuba lowo yayingumqondiso kaMesiya.

Kwaye wathi Yena, “NdinguYe lowo uthetha nawe.”

214 Waze wayishiya ingqayi, wabalekela esixekweni, waze wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endizenzileyo. Ingaba lona asingoMesiya?”

215 Ngoku, ukuba lowo yayingumqondiso kaMesiya ngoko, iyakuba ngumqondiso kaMesiya ngoku, ukuba uMesiya isenguye izolo, namhlanje, naphakade. Ukuba loMoya othe . . .

216 Usengqondweni, okokuba into ethile iyenzeka, akunjalo? Ngoku senze nje isihlewele sazi. Emnandi ngenene, imvakalelo ethobekileyo ithe yaba yiyo, ikuwe. Ingaba akunjalo oko? [Umfazi uthi, “Injalo lonto”—Mhl.] Phakamisa isandla sakho. Emnandi ngenene, ethobekileyo. Ndibukele uKukhanya phakathi kwam kunye nomfazi. Ngoku iyaqhawuka.

217 Umfazi uneTB. [Umfazi uthi, “Uchanile unjalo”—Mhl.] Kwaye usuka kwisibhedlela sesifo sephepha. [“Owu, owu, owu!”] Yinyaniso leyo. [“Injalo”] Kukho umntu othile ongomnye. Yile nkwenkwe apha. Umzuzu nje. UMoya okwamnye kuyo.

Kuhle, lowo ngunyana ongumzukulwana wakho. [“Ewe, nguye. Injalo.”] Injalo lonto. Unengxaki yesayinasi. Naye unethishu enesiva emphungeni wakhe. Yinyansio leyo. [“Injalo loto. Injalo ngqo.”] Injalo lonto, ayinjalo? [“Injalo lonto. Iyiyo. Oogqirha bathe wayenayo.”] Ngokuqinisekileyo. Kulungile. Nkskz. Harris, elo ligama lakho. [“Elo ligama lam!”] Wena nonyana ongumzukulwana wakho godukani, iingxaki zenu ziphelile. UYesu Kristu unenze. . . ? . . .

218 Uyayikholelwa iNkosi uYesu ngoku? Yabona, leyo yiBhayibhile, lowo nguMoya kaThixo usenza okwakunye izolo, namhanje, naphakade. Ngoku ingaba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Oku kufanele kuyigqibe.

219 Ngoku ukuba anditsho nalinye ilizwi, beka nje izandla zam kuwe ngelixa iTambiso ilapha, Ingaba uyakukholwa? Hamba ngoko, kwaye uphilisiwe, eGameni likaYesu Kristu.

220 Yiza, dade. Ufuna ukugqitha kwingxaki yakho yesisu? Hamba nje, ubulela uThixo, kwaye uthi, “Iphelile,” kholwa ngentliziyo yakho yonke.

221 Ukuba ndibeka izandla zam kuwe, uyakholwa uThixo uyakukuphilisa? EGameni likaYesu, philiswa. Eso sisimilo sokuza. Wayephilisiwe. Injalo lonto. Eso sisimilo. Ngoku, khumbulani, uMoya oyiNgewele ulapha.

222 Naku kusiza inkwenkwe ethandekayo. Umncinci kakhulu, sthandwa, kunzima, ukuba nokholo. Kodwa khangela apha nje umzuzu, kuMzalwana uBranham. Kulungile. Ingxaki yentliziyo yakho iphelile ngoku. Ungagoduka uze uphile. Amen. UYesu ukuphilisile.

223 Masithi, “Bulela iNkosi,” ngala nkwenkwe incinci.

224 Ube uphakuphaku kakubi, akunjalo? Buzakumka kuwe ngoku. Goduka nje, uthi, “Enkosi, Nkosi,” uze uphiliswe.

225 Yiza. Kuhle, laswekile indala, ukuba singaphelisa yona! Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? EGameni likaYesu, yanga ingemka kumfazi kwaye ingaze imkhathaze kwakhona. Amen.

226 Yiza ngoku. Eli nenekazi libe nento ekwanye, iswekile, kananjalo. Kholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku xa ugqitha, uze uphiliswe, eGameni leNkosi uYesu.

Uyakholwa, wonke ubani ngoku? Yibani nokholo kuThixo!

227 Yiza, dadewethu. EGameni likaYesu Kristu, philiswa. Yiba nokholo, sukuthandabuza.

228 Yiza, mzalwana sthandwa. Ndiyakholwa eneneni ube uphilisiwe xana ubuhleli kanye phantsi phaya, ke unгахamba nje uqhubeke! . . . ? . . . UThixo akusikelele ngoku. Kulungile.

229 Yiza, dade sthandwa. Yiba nokholo kuThixo! Yilonto. Yilonto. EGameni likaYesu Kristu, philiswa. Amen. UThixo

akusikelele, dade. Hamba uqhubeke, uvuya kwaye ukholwa. Owu, esiya sisimilo sokuza.

<sup>230</sup> Ngoku hlonelani ngenene, wonke ubani ngoku. Hlonelani ngenene, uMoya oyiNgcwele ulapha. Ngenxa yokuba Ayithethi okuninzi kubo; ngelinye ixesha nje yitsho izinto. Ndizama nje ukuthi... Kwaye ukuba ndiyayibona ibonakala nje ngokukhawuleza, ndiyayitsho kuze emva koko ndiqhubeke. Yabona? Ngelinye ixesha ndingaphukaneka kwakhona okwemizuzu embalwa, ndize emva koko ndiqhubeke. Kodwa uMoya oyiNgcwele ulapha, Usazazi zonke izinto.

<sup>231</sup> Uyakukholelwa oko, nenekazi? Sondela kum. Ndiqinisekile, ekubeni ungumSpanish, kwaye mna ndingu-Irish, asazani omnye nomnye. [Inenekazi lithi, “Hayi”—Mhl.] Eli lityeli lethu lokuqala sihlangana. Uyakholwa uYesu Kristu, Lona ndithetha ngaye, nguNyana kaThixo wenyaniso? Uyakholwa ndimele Yena kakuhle? Uyakholwa Undithumele ukuza kukunceda? [“Ewe”] Ukuba ndikuxelela ingxaki yakho yintoni, ingaba uyakuMkholelwa? Ingxaki yakho ngumqolo wakho. Unengxaki yomqolo. Kananjalo, umyeni wakho unengxaki yomqolo. Unengxaki nomlenze wakhe. Unentombi enengxaki ngentamo. Yayibangelwe yingozi yemoto. Injalo lonto. [“Owu, enkosi kuWe, Nkosi!”] Godukani, nonke nizakulunga.

<sup>232</sup> Yiba nokholo. Sukuthandabuza. Ngoku oko kwenza buthakathaka kwaye kwenza into ethile. Yiba nokholo nje ngoku, yikholelwe.

EGameni likaYesu, ndithandazela umfazi. Amen.

<sup>233</sup> Yiza ngoku. Yiza, mhlekazi. Sukuthandabuza ngoku. Ube umbi kakhulu uphakuphaku kwaye udlikidliwe, kwaye ikwenza ube nomhlaza esiswini sakho, kwaye ukuvisa kabuhlungu. Kodwa goduka ngoku, uzakuphila kwaye ulunge. UThixo akusikelele. Yiba nokholo ngoku. Kholelwa ngentliziyo yakho yonke.

<sup>234</sup> Kuhle, singabona yintoni ingxaki kunye nomntwana omncinci, inentsimbi zokucedisa ukuhamba apha. Uzakuyikholelwa, dade, ngoku, [Udade uthi, “Ewe, ndiyakholwa.”—Mhl.], okokuba uThixo uzakwenza lantombi incinci iphile, kwaye ivuke ize ibe ngolungileyo ngaphandle kwenzintsimbi zokuncedisa ukuhamba?

<sup>235</sup> Bawo Othandekayo waseZulwini, ukuba ndinakho ukuphilisa lomntwana kwaye ndisuse ezintsimbi zokuncedisa ukuhamba kuye, bendiyakuyenza lonto. Kodwa ndibeka isandla sam phezu koluthandekayo usana oluncici, olungenandlela yokuba nokholo lolwalo. Ndohlwaya lemeko yokukhubazeka. EGameni likaYesu Kristu, lwanga olu sana lungahamba kwaye luphile. Nje ngokuqinisekileyo njengoko ndimile apha. [Udade uthi, “Ube ephilisiweyo”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Ewe. Uyayikholwa, akunjalo? [“Ndinjalo”] Bangaphi



abayikhulwayo? Uyakhamba, kwaye usana luyakukhulula iintsimbi zokuncedisa ukuhamba, kwaye luyakhamba. Kulungile, yiba nokholo.

<sup>236</sup> Isisu esiphakuzelayo. Kwaye, owu, bethu! Uyakholwa? Ngoko hamba qhubeka, kwaye utye ube nexesha eliminandi, kwaye ukholo lwakho lukuphilisile.

Yiba nokholo ngoku, wonke ubani, yiba nokholo kuThixo! Yiza, dade sthandwa. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke?

<sup>237</sup> Owu, Nkosi, ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa. Kufanele abe namandla empiliso Yakho, okanye afe. Kwaye ndiyathandaza ukuba Wena uyakumphilisa. Yinikeze. Yinikeze.

<sup>238</sup> Kulungile, dade. Mandikubonise into ethile. Kukho abantu abaninzi kwesi sihlwele, sigula ngento ekwanye oyiyo. Yabona, mandikubonise into ethile. Unentliziyo ephakuzelayo. Mandikubonise phandle phaya. Bonke abakhathazwa yimithambo-luvo (phakamisani izandla zenu) nentliziyo, phakamisani izandla zenu. Khangela kubo, yabona. Ndingathini ukubiza ngamnye wabo? Yabona? Andinakho ukuyenza. Kodwa ndinganakho nje ukuva ngokuvakalelwa la mbumba inkulu; utshaba luzama ukukubamba, kwaye lubiza phaya lucela inceba. Luzakulahlekelwa nokubamba kwalo ndaweni yonke. Injalo lonto. Ke, ingaba uyakholwa aliyikuphumelela, okokuba loyisiwe kuwe kanye ngoku? [Udade uyakhwaza, “Ewe.”—Mhl.] Uziva ngokwahlukileyo, akunjalo? Ubuphilisiwe kanye ngokuya. Hamba indlela yakho, uvuya, uthi, “Enkosi kuWe.”

<sup>239</sup> Yiza, nenekazi elitsha, kholwa ngentliziyo yakho yoke kwaye uphiliswe. EGameni likaYesu, wanga udade wethu angaphiliswa.

<sup>240</sup> Thixo, sikelela lenkwenkwe incinci ngobu busuku. Owu, bethu! Uyakholwa uYesu uzakwenza uphile? Kulungile. EGameni likaYesu! UThixo akusikelele.

<sup>241</sup> Kulungile. Yiza ngoku, kwaye ukholwe, mzalwana. Yiza, mzalwana wam, umncedisi. Yiza, wena, fumana iintsikelelo zeNkosi. Ndibeka izandla zam phezu komzalwana wam, eGameni likaYesu. Wanga angaphiliswa. Nikeza.

<sup>242</sup> Wonke umntu uyakholelwa? Yibani nokholo. Musani ukuthandabuza. Kholelwani nje ngoku. Nje ngokuba singemi kuye wonke umntu, oko akuthethi...Kuxela nje... Ndiyayibona, kodwa andifuni umbono nje u...Yinto ethile ngohlobo lokuqhagamshela kuni xana uthetha ebantwini. Niyazi endithetha kona? Iyaqhagamshela, kwaye emva koko uyi... Yilonto, yabona, uyi...Ikwenza buthakathaka.

<sup>243</sup> Nje umzuzu, into ethile yenzekile esihlweneni. Ukuba uyakholwa, akusokuze kufuneke ube nolatyando lesinyi. Uchukumise umqukumbelo wengubo Yakhe, dade. Yintoni ayichukumisileyo? Ndixeleleni yintoni ayichukumisileyo.

Ayikwazeki kwenzeka okokuba yena achukumise mna ephaya. Kodwa wenze kanye nje. . . Ngoku mandinixelele into ethile. Ebehleli kanye phaya ngoko, ethandaza, “Thixo, menze andibize.” Ukuba oko kunjalo, ukuba lowo ngumthandazo wakho. . . Nakuya, yabona. Oko kokuqinisekileyo. Wenza into ekwanye, kwaye ubone ukuba ayinjalo. Yenza nje into ekwanye. Kulungile.

<sup>244</sup> Singabangazaniyo omnye komnye. Andikwazi, kwaye nawe akundazi. UThixo uyasazi sobabini. Ngelixa iNtambiso ilapha, siyakubona nje yintoni ingxaki. Into yokuqala, ukhathazwa ngamehlo akho, intlolo yakho. Uneqhina kwingala yakho yangasekunxele nesihlahla. [Umfazi uthi, “Injalo lonto”—Mhl.] Injalo. Uyakholwa? [“Ewe”] Usuka kwindawo ebizwa Sunnyvale. [“Injalo lonto”] UNkskz. White. [“Ewe”] Goduka, uvuya, uze uphile. Kulungile.

<sup>245</sup> Yibani nokholo kuThixo, kholelwani nje ngoku, wonke ubani. Yizani ngoku nize ni. . . Ingaba niyakholwa? Wonke ubani athandaze? Owu, gcina nje phambi koThixo, uthandaze!

Yiza mzalwana. EGameni likaYesu, philiswa.

<sup>246</sup> Yiza, dade sthandwa. Yiza ukholwa ngentliziyo yakho yonke. Owu Nkosi, eGameni likaYesu, philisa udade wethu. Amen.

<sup>247</sup> Yiza, dade sthandwa, kholelwa nje oko uThixo akwenzayo, uBukhona Bakhe. Ugqitha phantsi komnqamlezo ngoku. EGameni likaYesu, wanga angaphiliswa.

<sup>248</sup> Yiza, dade, gqitha phantsi komnqamlezo, ukholelwa ngentliziyo yakho yoke. Ingxaki yomqolo iyakumka, kwaye ungagoduka uze uphile. Kulungile. EGameni likaYesu Kristu!

<sup>249</sup> Yiza, dade sthandwa. Owu Nkosi, ndiyathandaza, njengoko egqitha, okokuba Uyakumphilisa. Amen.

<sup>250</sup> Yiza, dade. Kholwa ngoku. Balungiseleli, thandazani. Wonke umntu thandaza. Yiza. EGameni likaYesu wanga yena angaphiliswa. Amen.

<sup>251</sup> Yiza ngoku, kholwa ngentliziyo yakho yonke. Dade olusizi, imbi kakhulu. Uyakholwa uThixo uyayazi yintoni engalunganga ngawe? Uyakholwa Angandixelela? Ngoko ingxaki yobubhinqa iyekile. Goduka uze uphile.

<sup>252</sup> Yiza, kholwa. Kulungile, dade osisthandwa, yiza. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Ucinga ubuphilisiwe ngethuba eligqithileyo xa besibathandazele abo banengxaki yentliziyo phandle phaya? Uyayenza? Qhubeka, philiswa, kwaye uyikholelwe ngentliziyo yakho yonke.

<sup>253</sup> Masithi, “Mayibongwe iNkosi,” wonke umntu. Yibani nokholo kuThixo.

<sup>254</sup> Yiza, mzalwana wam. EGameni leNkosi uYesu, wanga angaphiliswa. Amen.

255 Ingaba ayimangalisi? Akamangalisi Yena? Akumangalisi Yena wayebizwa “Mcebisi, Nkosana yoXolo, Thixo onaMandla, Bawo onguNaphakade”!

256 Thandazela abakho obathandayo. Thandaza nje (hayi ukwenzela isiqu sakho) ukwenzela abakho obathandayo nje umzuzu. Thandazela umntu othile.

257 Nenekazi, uyakholwa? Uyakholwa uThixo angandixelela yintoni omele yona apho? Ndibona une...Owu, ongomnye wabasebenzi? Andikwazi. Ndi—ndiyaqikelela andizange ndakubona hayi ngaphezulu kwaphandle phaya esihlweleni. Ingaba oko kulungile? Ke isihlwele siyakuyazi. Injalo lonto. Uyakhowa uKristu angatyhila kum yintoni ingxaki yakho? [Inenekazi lithi, “Amen”—Mhl.] Kwaye ukuba Yena uyayenza, ngoko...Ewe, ekubeni enxibe lanto yokuphawula, abanye abantu bangaba ngaphakathi apha baze bathi, “Kulungile, ngokuqinisekileyo, lona lingumsebenzi, uyalazi.” Andizange ndahlangana nalo ebomini bam, andazi nto. Kodwa ukuba ndiyakuxelela iphina ingxaki yakho, kunye nento ethile, uyayazi kufanele ibe yinto ethile ngaphandle kwam ndiyenza. Ingaba injalo? [“Injalo”] Akukho apha ukwenzela isiqu sakho. [“Hayi”] Ulapha ukwenzela unyana wakho. Injalo lonto. Kwaye unento engalunganga ngezihlunu zakhe. Iluhlobo lokonakala kwezihlunu. Imbangela abe kwimeko, amehlo akhe aphithane, nayo yonke into, abephakuphaku ngenene. Igama lakhe nguDonald. [“Ewe!”] Goduka, kwaye ukholwe, menze aphilile. Thabatha latshefu...?...

258 Yiba nokholo kuThixo. Sukuthandabuza. Ungeza, dade. Yiza, ukholwa. Ngoku masithandazeni, wonke umntu abe semthandazweni. Yiza, dade. Thixo, eGameni likaYesu Kristu, wanga udade angaphiliswa.

259 Yiza ngoku, dade sthandwa. Injalo lonto, yiza ngapha. Owu Nkosi, njengoko egqitha phantsi komnqamlezo kaKristu, langa iGazi lingachukumisa umzimba wakhe.

260 Yiza, dade wethu othandekayo, kholelelwa omncinci. Kwaye, Nkosi, njengoko egqitha phantsi komnqamlezo, ndibeka izandla zam phezu kwabo kwaye ndicelela impiliso yabo, eGameni likaYesu.

261 Yiza, mzalwana wam, gqitha phantsi komnqamlezo, ukholelwa ngentliziyo yakho yonke. Ungakufumana oko ukucelayo. EGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa. Amen.

262 Yiza, mzalwana, ngokunjalo, yiya kanye phantsi komnqamlezo, ukholelwa. EGameni likaYesu Kristu, nikeza. Injalo lonto.

263 Yiza, dade wethu. Yiba nokholo kuThixo. Sukuthandabuza. Kholwa. EGameni likaYesu Krsitu, ndicela isicelo sakhe sinikezwe. Amen.

<sup>264</sup> Thandaza, mzalwana. Wonke ubani makathandaze, ndaweni yonke. Kulungile. EGameni likaYesu Kristu, wanga udade wethu angaphiliswa.

<sup>265</sup> Yiza, dade. EGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa. Amen. Yiza, nabani lowo uthandazayo, indoda ethile phaya, qhubeka uthandaza.

EGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa. Yiba nokholo kuThixo.

Yiza, dade. Kholwa ngoku, ngentilizyo yakho yonke. EGameni likaYesu, wanga ungaphiliswa.

Yiza, mzalwana wam. Uyakholwa? Enkulu kakhulu, indoda enamandla, kodwa noko, nengxaki yesisu. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, uze ugoduke, phila eGameni leNkosi uYesu. Kulungile, mhlekazi.

Uyakholwa, dade omncinci? Kulungile, yiza kum apha. EGameni leNkosi uYesu sanga isicelo sakhe singanikezwa.

Kholwa, mzalwana wam, ngako konke okungaphathi kuwe. EGameni liYesu Kristu, wanga isicelo sakho singanikezwa. Sukuthandabuza; qhubeka, ungabona...?... Yiza.

UTHixo akusikelele. Enkosi mhlekazi...?...Konke kulungile, kunjalo?

Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? UTHixo akusikelele, mfana. EGameni likaYesu wanga ungaphiliswa.

Yiza, dade. Ingaba sisiphelo somgca wokuthandazelwa? Onke amakhadi okuthandazelwa aphelile? Uphila njani? Uyandikholelwa ukuba ndisisicaka Sakhe? Unjalo. Uyakholwa ngoko Angandixelela konke malunga nazo zonke ingxaki zakho? Kulungile. Ngoku, ndiyakholwa wena nje uthe usandula kuphuma esibhendlela. Enye yezinto ezingalunganga ngawe, unehleze elophukileyo, ingxaki ehlezeni lakho. Kodwa amava akho asesibhedlela ibe ingawengxaki yobubhinqa; ayikhange iphile. Injalo lonto, ayinjalo? Kwaye igama lakho nguNkskz. Potts. Goduka uze uphile ngoku...?...

<sup>266</sup> Ingaba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Yiba nokholo. La ndoda ihleli kanye emva phaya yileya ndiqhubekayo ndiyibona. Iyathandaza... Inhempe emhlophe, ivuleke ikhola, Ithandazela umhlobo wayo ohleli ngaphaya ukusuka kuyo phaya onemeko yengqondo. Ingaba uyakholwa, mhlekazi? Yima ngenyawo zakho uze uyamkele. Beka izandla zakho phezu komhlobo wakho apho. Nantso ke. UTHixo akusikelele. Goduka uze uphiliswe, nyana. UYesu Kristu ukuphilisile. Haleluya. Wayethandazela isihlobo sakhe. Oko koko ikwenzayo. UYesu Kristu, uNyana kaThixo uyazenza ezi zinto, uyakuphilisa. Uyakholelwa oko?

Nanku umfazi ehleli kanye apha enento emhlophe entlokweni yakhe, uhleli kanye ngakwintombi inento eluhlaza

ukujongeka into ethile ezinweleni zayo. Umfazi uthandazela umyeni wakhe. Injalo lonto. Unomhlaza, kwaye uyoyika uyabuyela kuye kwakhona. Injalo lonto, ayinjalo? Kulungile. Uyakholwa? Yima ngeenyawo zakho ngoko, Yamkele. EGameni likaYesu Kristu, yanga ingemka kuye.

<sup>267</sup> Thandazela umntu othile. Thandazela isihlobo. Thandazela umntu othile. Apha, ngasemva kakhulu phaya, ndibona indoda ihleli ngasemva emva kwalo mfazi apha, ngasemva kakhulu, ihleli, owesibini ehleli khona phaya, ithandazela umfazi wayo. Unokuphazamiseka kwemithambo-luvo. Uyakholwa, mhlekazi? kulungile, yima ngenyawo zakho uze wamkele impiliso, kwaye ukholwe ngentliziyo yakho yonke. Goduka uze umfumane yena ephilile. UThixo akusikelele, mzalwana wam othandekayo. Kholwa ngako konke okungaphakathi kwakho.

Wonke ubani uyakholwa? Yibani nokholo kuThixo. Apha, encinci intombi iphakamise isandla sayo kanye apha. Nako ukuKhanya kujinga phezu kwakhe. Owu, iyi...Naku omncinci...Kukho ababini babo. Inenekazi elincinci liphakamise isandla salo. Inenekazi elincinci lihleli ecaleni kwakhe, kukhangeleka ngathi ukuKhanya kujinga phezu kwenenekazi elincinci elilokhwe ekhangeleka luhlaza liyinxibile. Uthandazela umntu othile: umtshana, unengxaki yentliziyo, uphakuphaku. Injalo lonto, ayinjalo? Akakho apha. UseLos Angeles. Lowo ngudade wenu, isizathu isondela kakhulu. Uyathandaza naye, kodwa wenzela isihlobo. Uthandazela ukuguquka kwesi sihlobo. Esi sihlobo ngumKatolika, kwaye uthandazela sona. Injalo lonto. Nobabini ningoodade. Ukuba oko yinyaniso, yima ngenyawo zakho. UThixo akusikelele. Andikwazi, andizange ndakubona ebomini bam. Kukho into engaqhelekanga malunga nawe. Ungabe ube usendaweni ethile, okanye—okanye wazi umtu othile osuka ndaweni ithile apho ndakhe ndabakhona. Ndibona indawo ekhangeleka ngokungaqhelekanga. Asiyo—asiyiyo kwa... YiJamani. Ingaba uliJamani? injalo lonto. Ulilo. Oko kuchaneke ngqo. Kulungile, ukholo lwakho lukunika isicelo sakho. Goduka. Uyakyufumana ngendlela oyikholelwa ngayo. Haleluya.

<sup>268</sup> Ndinicela umngeni, eGameni likaYesu Kristu, ukuba niYikholelwa ukuba yinyaniso. Ndinicela umnge...Njani... Ingaba kukho umoni apha ongathanda ukuza apha aze eme phambi sibheke phambili ngomgca wempiliso? Sihlobo esingumoni, wena uwileyo, ungathanda ukuyazi iNkosi uYesu njengoMsindisi wakho? Yiza apha nje umzuzu ngelixa ihadi lisidlalela olumnandi ubizelo esiguqweni. Yiza apha. UMoya oyiNgcwele uyayazi ungubani. Ukuba unesidingo sikaKristu kanye ngoku ebomini bakho, ungeza uhle nje kweli xesha uze ume apha esiguqweni? Eli iyakuba lixesha lokugqibela ndingaze ndibe nokuthandaza kunye nawe kuyo yonke imihla yobomi bethu. Eli lithuba lakho. UThixo akusikelele, mfo omtsha.

Ungeza? Umntu ongomnye? Le ndoda izayo apha. Umntu ongomnye? Yiza kanye ezantsi emva kwekhuselo phaya, uze uze kanye esiguqweni ngoku, ngelixa silindileyo nje ithutyana. Sizakulinda. Yiza kanye apha, mhlekazi, uze ume kanye apha.

UMntu ongomnye angathanda ukuza ame ecaleni kwakhe? Phuma. Yiza kanye apha phezulu ngoku uze ume apha, ukuze sibenakho ukukuthandazela. Ndingavuya. Ndingavuya kakhulu ukuthandaza kunye nawe. Yiza nje. Kuko konke esikucelayo kuwe ukwenze.

UThixo akusikelele, mhlekazi, yima kanye apha. Ingaba ukhona omnye?

<sup>269</sup> Kukho umthombo uzele liGazi litsalwa emithanjani ka Imanuweli, apho aboni banyhalwe phantsi kwempuphuma bohlukeno nawo onke amabala abo amdaka obutyala. Ingaba uThixo ukwindalo Yakhe? UThixo eLizwini Lakhe? UThixo kuNyana Wakhe? Ngoku, ingaba uThixo usebantwini Bakhe? Kuhle, uThixo ulapha kanye ngoko. Ufuna ukungena. Akunakuza?

Kukho umthombo uzele ligazi,  
Utsala...?...

Bohlukeno nawo onke amabala abo amdaka  
obutyala.

Ningeza kanye ngoku, nina abanesidingo sikaKristu? Asikhathali ungoweliphi ibandla, okanye leliphil oya kulo, okanye leliphil oyakuya kulo. Yiza. Injalo lonto. Nyukela kanye apha esiguqweni ngoku. Wena ungenaye uMoya oyiNgewele, ungathanda ukuza? Yiza kanye ngoku ngelixa siculayo. Yiza.

Kwaye aboni bahlohlwe phantsi  
kwempuphuma,  
Bohlukeno nako konke...

UThixo akusikelele, sthandwa. NdinoSara omncinci endlwini malunga nobudala bakho. Yabona okuya, mama?

Bohlukeno nawo onke amabala abo amdaka  
obutyala.

UThixo akusikelele, dade. Ingaba uqondisekile ukuba uKristu usebantwini Bakhe? Yiza phambili ngoku, akunakuza? Phumela ngaphandle. Yiza ngale ndlela.

Kwaye aboni bahlohlwe phantsi  
kwempuphuma,  
Bohlukeno nawo onke amabala abo amdaka  
obutyala.  
Isela elifayo lavuya ukubona  
Umthombo ngomhla walo; (UKristu unikelwe  
kuwe, sihlobo. Ungeza kwaye uMamkele?)

...ndanga, ngoko (UThixo akusikelele.  
 Kulungile oko. Hamba kanye . . .)  
 Uhlamba zonke izono zam zimke.  
 Uhlamba zonke izono zam zimke,  
 Uhlamba zonke izono zam zimke;  
 Kwaye phaya ndinga, noko ndimbi  
 Hlamba zonke izono zam zimke.

<sup>270</sup> Ke ndiyakuqiniseka ukuba akukho gazi ezandleni zam ngaloo mini yomgwebo lijiwuziswa kum kuthiwe, “Ubufanele ube ubemdana kancinci,” ndiyacela kwaye ndimema wonke umntu ongenaKristu, ongenathemba, ongenaMoya oyiNgewele, eGameni likaYesu Kristu, ndikumemela apha kwesi siguqo. Yiza kwaye wamkele Yena ngoku. Kodwa ukuba akuyenzi, ngoko andiyi kuba naxanduva kulamini yomgwebo. Yijonge ngoku, ngelixa uKristu ephakathi kwethu. Siyakuqonda oko.

UThixo usehlabathini Lakhe. Niyabona phandle phaya. UThixo eLizwini Lakhe. NiyamBona apha. UThixo kuNyana Wakhe. NiyamBona emnqamlezweni. uThixo ebantwini Bakhe. Niyawubona Wona unyakama, usebenza, Ulapha.

Ngoku, masizeni ngelixa sicula ityeli lokuqibela, “Kukho uMthombo ozeliswa liGazi.” Aninakuza na?

Kukho umthombo ozeliswa liGazi, (Nanku umthombo. Apha emnqamlezweni. Aninakuza na?)  
 . . .kwimithambo ka Imanuweli,  
 Kwaye aboni bahlohlwe ngaphantsi kwala mpuphuma,  
 Bohlukene nawo onke amabala abo amdaka obutyala. (UThixo anisikelele.)  
 . . .onke amabala abo amdaka obutyala  
 Bohlukene nawo onke amabala abo amdaka obutyala;  
 Kwaye aboni bahlohlwe ngaphantsi kwala mpuphuma,  
 Bohlukene nawo onke amabala abo amdaka obutyala.

<sup>271</sup> Qhubekani nje nisiza. Ilungile lonto. Qhubekani nihamba. Siyakuqhubeka silindile. Sinexesha elininzi lokulindela abantu abaguqakayo ukuba baze esiguqweni. Yizani. Sichulumancile, siyavuya, sinombulelo kuThixo ngokuba nisiza. Nyukelani kanye apha ngoku eBukhoneni boMoya oyiNgewele, Yena ungokhoyo kwindawo zonke, onamandla onke, ongenasiphelo. Ungeza ngoku kuYe ngelixa inceba Yakhe iqukuqela ukunisindisa bonke, ukuninika yonke into eniyidingayo. Yena ulapha ukuninika uMoya oyiNgewele, usindise ubomi benu, uphilise naziphi izifo zenu, ukunenzela yonke into eniyinqwenelayo. INkosi isikelele.

<sup>272</sup> Ngoku, ngelixa isihlwele sithandazayo, ngenzolo, ndizakuthetha kwabo abalapha. Zihlobo, Into ethile indixelele ukuba nize kwesi siguqo. Ibi yekwanye Eyaziyo intliziyo yakho, okwamnye Othethayo apha, uMoya oyiNgcwele, uThixo. UThixo nguMoya oyiNgcwele ebantwini Bakhe, exolelanisela ihlabathi kuYe.

Ngoku, Yena uzele kuxolelanisela nina kuYe. Ninoyolo nina. Anoyolo amehlo avulekileyo ukubona uBukumkani bukaThixo. Kube kukho amawaka abantu benu phambi kwenu, Amakhulu kunye namakhulu abazali babazali benu, abanqwenela ukubona le mihla. Amaninzi amadoda abalulekileyo phambi kwethu, amaninzi amadoda abalulekileyo phambi kwenu anqwenela ukubona ixesha xa uMoya oyiNgcwele uyakuza ebandleni aze enze oko nikubonayo ngalemvakwemini. Bafela elukholweni, bekholelwa ukuba ngenye imini abantwana babo bayakuyibona.

Ngoku, niyibonile ngale mvakwemini. Nilivile iLizwi. Niyayazi yiNyaniso. Kwaye uThixo uvule amehlo enu; imithandazo yabo.

<sup>273</sup> Nanga mantombazana amancinci emile apha, umama emile, ephethe amantombi amabini amancinci. Izinto ezincinci ziyeza, zilila. Andazi ukuba umntwana, abantwana, ngamanye amaxesha abohlwayi abadala, ezintliziyweni zabo ezincinci ezithambileyo. Abakhange bayitsale bayigqithise zonke iintlobo zokuphoxeka kwehlabathi nezinto. Zithambile kwaye zilungile. Ndibukele la mabini amantombazana mancinci egoniwe enamathele kwinenekazi, nje ngohlobo ababenge into ethile ezakwenzeka. Ngokuqinisekileyo, uThixo uthetha kubantwana Bakhe abancinci. Itshilo njalo iBhayibhile. “Bavumeleni abantwana beze kuM. Sanukubalela.”

Ndibona umama omncinci apha ebambe usana lwakhe, olulungileyo oluncinci usana, eluphethe ezingalweni zakhe. Uzile apha ngoku ukuze axolelaniselwe kuKristu. Ngoku, ninoyolo nina. “Akukho mntu unokuza kuM. . .”

Umfana ebambe umfazi osemntsha, ndiyaqikelela, emile phaya embambile. Uyalila. Uthokombise intloko yakhe ngentlonipho. Niyazi ukuba lowo ngumsebenzi kaMoya oyiNgcwele? Abanye, encinci emehlo-antsundu intombi ijonge kum malunga nesixhenxe okanye isibhozo iminyaka ubudala, antsundu amancinci amehlo kunye neenwele ezintsundu, ubuso bayo obuncinci buyakhazimla bonke. Ulindele into ethile. Angabe ungumSpanish.

<sup>274</sup> Ndibona umfazana osemntsha othandekayo, nje ukuphambana kweendlela zobomi kunye nentloko yakhe iqutyudiwe kwintlonelo, iingalo zakhe zisongiwe. Ndibona abanye, iinwele ezingwevu, iintloko zabo ziqutyudiwe. Eli lithuba elindilisekileyo.



Khumbulani, zihlobo, asizange nje sinyukele apha nje ukuza. Sizile ngokuba uThixo unibizile. Nizizithsaba zalomhlangano ngale mvakwemini. Ngokuphandle, nizizithsaba zenceba kaYesu Kristu, okokuba unibizile ukuze nixolelaniswa kwaye nize nizokwamkela Yena ngale mvakwemini. UThixo abe nani.

“Banoyolo abo (Yabona?) bathi balambeke kwaye banxanelwe ubulungisa. Bayakuhluthiswa.” Ukufumani oko kwiNtsumayelo yasentabeni. UYesu utsho njalo.

Abafana abamileyo apha, nje abafana, mhlawumbi ishumi elinesibhozo, amashumi amabini eminyaka ubudala, mhlawumbi abashumayeli abasezayo, ndikwazi kanjani oko? Mhlawumbi ukusuka phaya kuyakuphuma imishinari eyakukhanyisa ihlabathi. Mhlawumbi kubo abafana kuyaza izipho eziyakujiwulisa amawaka emiphefumlo iyise kuKristu, kwaye nanikho ngalamhla apho xana beza esiguqweni. Elinjani ukubamnandi ixesha.

<sup>275</sup> Masithobise iintloko zethu ngoku, ngelixa sisenza umthandazo. “Akukho mntu unokuza kuM,” watsho uYesu, “engathanga uBawo waM amtsale kuqala. kwaye bonke abo bazayo kuM, Andisayi kubakhuphela ngaphandle. Yizani kuM nonke nina nibulekayo nisindwayo yimithwalo. Ndiyakuninika ukuphumla.”

Nkosi, apha bakho. Bazile ngokuba Ubaceleli ukuba baze. UMoya oyiNgcwele entliziyweni yabo unyakamile waze wababiza, kwaye bezile. Naba bemile esiguqweni, beguquka, iintloko eziqutyidweyo, befuna ukuzaliswa nguMoya Wakho woBakho—Bakho ubulungisa. Bazalise, Nkosi. Ngcwalisa ubomi babo. Bathumelele kumadlelo okuvuna, aba bantu abemileyo apha belindile. Kungaba nje sendlwini. Kungaba ekunqumlezeni ulwandle. Kungaba ndaweni ithile, kodwa kukho isivuno silungele ukuvunwa.

Nkosi, ndiyathandaza ukuba Ungcwalise imiphefumlo yabo, kwaye ubagcwalise ngoMoya, bade babe zizitya ezonyuliweyo Zakho: mhlawumbi umfazi omncinci wasekhaya ukuba avune abamelwane, mhlawumbi umntwana omncinci ukuthetha ngoYesu kwintombi encinci esikolweni, mhlawumbi umfana athwale iVangeli ayise eMexico, elinye lasenzini ilizwe ndaweni ithile. Siphe oko, Nkosi. Omdala athethe kwimbombo yestrato kwiqabane lakhe, mhlawumbi ndaweni ithile ingenye: indoda yasefektri kumphathi wayo, okanye kwabo basefektri. . . Wena uyayazi, Thixo. Ndiyathandaza ukuba Uyakubazalisa nje ngoku, ngobulungisa Bakho nenceba.

Bezile; ndiyayazi Wena ubamkelile, ngokuba Uthe, “Lowo uzayo kuM, Andisayi kumlahlela ngaphandle. Lowo uyakuNdivuma phambi kwabantu, yena Ndiyakumvuma phambi koBawo wam, neeNgelosi ezingcwele.” Ngoko ke, bemile esidlangalaleni ukwenze uvumo: abalungisanga. Bafuna

ukulunga. Bamkele, Bawo. Ndiyathandaza ukuba Ubasikelele, kwaye ubenze abantwana Bakho ukusukela kule yure ukuya phambili, ngeGama likaYesu Kristu. Amen.

<sup>276</sup> UThixo anisikelele, ngamnye kuni. Yamkelani uMoya oyiNgcwele. Ngoku, yiyani kanye egumbini apho sinokuhlangana khona emva apha, size sibeke izandla zenu phezu komnye ngamnye wenu, sithandaze. Kanye emva phaya, buyela kanye emva. Kukho igumbi elilungisiweyo emva apha, apho niyakubakhona nje kwixeshana elimbalwa emva phaya ukwenzela u—ukugcwaliswa okugcweleyo. Guqani phantsi; bulelani uThixo ngokunisindisa. Izandla mazibekwe emqolo wenu phaya ukwenzela isidingo sakho, nangenxa kaMoya oyiNgcwele. UThixo anisikelele. Sikelela lomama mncinci, bonke babo beqhubeka bephethe iintsana zabo ezincinci, kwaye utata ephulula iinwele zosana lwakhe oluncinci, esazi ukuba naye uyayazi ukuba ngenye imini angamxelela omncinci wakhe, sahlala kulamhlangano apho beza kwiNkosi uYesu. (*Kubuncwane Banaphakade.*)

Kukho ilizwe elihle kakhulu kunosuku,  
 Kwaye ngokholo singalibonela kude.  
 Kuba uBawo ulinde ngaphaya kwendlela,  
 Ukusilungiselela eyokuhlala indawo phaya.  
 Kubuncwane banaphakade,  
 Owu, siyakuhlangana kwela nxweme lihle.  
 Kubuncwane banaphakade . . .



*MASIBONE UTHIXO* XHO59-1129  
(Let Us See God)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa emva kwemini, ngoNovemba wama-29, 1959, eSanta Clara County Fairgrounds eSan Jose, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)